Lirolelwa 8/6 nge Kwata (itu- nyelwe ingekapeli)
4s ipele i Kwata ingarolwa- nga.
Unokuhlaulelwa wonke Unya- ka ekuveleni kwawo nge 13s 6d.
Izaziso Zabazelweyo, Aba- tshatileyo, Nemibiko, irolelwa *2s* 6d, zingene kanye: 3s 9d kabini; 5s katatu.

Imvo Neliso Lomzi

(NATIVE OPINION AND GUARDIAN.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,

ELIPEPA LIPUMA NGOLWESI-NE
IVEKI ZONKE
Lijonge Ilungelo Lomzi ku- pela.
Limele imfanelo ya Bantsu- ndu ngapandle koloyiko.
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

IXABISO 3d] KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, THURSDAY, APRIL 30, 1896. [Vol. XII No. 601

IZAZISO ZAKOMKULU.

ZISHICILELWA NGE GUNYA.

ISAZISO SAKOMKULU No. 14, 1896.

Kwi Ofisi ye Nkulu Yonocanda, Cape Town, 4 *March,* 1896.

NGENXA ye Siqendu sesibini so Mteto No 15 ka 1887. esite songezelelwa sisiqendu sesine, sesihlanu, nesesitandatu so Mteto No. 40 ka 1895, kuyaziswa ke kubo bonke ukuba eziziqwenga zilandelayo zemihlaba yakwa Rulumente ezikufupi ne dolopu yase CALA kumandla wase Xalanga, naseba Tenjini, ziya kutetelwa efandesini pambi kwe ofisi ye Mantyi yase CALA ngo 10 o'clock kusasa ngolwesi BINI, 19 MAY, 1896; ngokwendawo neziqqibo zalo Mteto ungentla, nendlela yokuqutywa kwe fandesi, nangapezu koko ngendawo ezingati zivaka- liswe ngemini ye fandesi.

Isiqwenga ngasinye siya kutengiswa ngenani elimisiweyo, noyena mtengi onani lipezulu lingengapantsi kwelo limisiweyo uya kuwunikwa lomhlaba.

Kanjalo umtengi lowo uyakuba nemvume ??? la yonke okanye inxalenye yemali ??? ngayo kwalo mini. Ukuba

(i) Intlaulo ayirolwanga ngemini ye fandesi, isiqendu seshumi semali leyo sorolwa ngenyanga ezintandatu, size esinye seshumi sirolwe ngonyaka ukususela kwimini yefandesi.

(ii) Ze kuti ukuba kurolwe imali enga- pantsi kwesiqendu seshumi semali otengwe ngeyo ngalo mini, eseleyo kweso siqendu seshumi yohlaulwa nge nyanga ezintandatu, ze isiqendu seshu- mi esisaleyo sihlaulwe ngonyaka uku- susela kumhla we ntengiso.

(iii) Xa ite imali ehlaulweyo ngemini yefandesi yesisiqendu seshumi senani nokuba lilipina pakati kwesiqendu se shumi nesesihlanu senani lentengiso (yomhlaba lowo) intsalela yesiqendu sesihlanu senani lentengiso iya kuhla- ulwa ekupeleni konyaka ukususela kumhla we fandesi.

(iv) Xa lite inani lentengiso langapantsi kwa £25 lonke elonani liya kurolwa kwangoko, nmhlaumbi kurolwe iziqi- ngata kwisituba seminyaka emitatu.

Inzala kwezo siqingata zixeliweyo ngentla apa yoba yi 4 per cent, ngonyaka ; ukuhlaulwa kwezo ziqingata ndawonye nenzala yazo kuya kulungiswa ngalomhla we fandesi, kubeko isibambiso ezibini eziya kukolisa imantyi, eziya kuti ke ziqinisekise ukuhlaulwa kwalo matyala.

Ukuba ke ute umtengi, umhlaumbi iziba- mbiso zake azapumelela, okanye azanela ukuhlaula imali yokutengwa komhlaba kwi situba sexesha elimisiweyo, kuya kumfanela u Rulumente ukuba akucime oko kutengi- swa, ize iti imali ebiselihlaulwe ingabalelwa kwanto isiwe ku Rulumente.

Indleko zocando, njalo njalo, nezetaitile ziya kuhlaulwa kwi mantyi okanye kamntu owoti amiswe kulondawo ngalomhla we fandesi.

Umtengi unyanzelekile ukuba enze imvumelwano yokuba uya kurola inzala eyakuba yi 4 per cent, ngonyaka ku Rulu- mente endaweni ye four-fifths yemali yentengiso, ade abe ubhatele ngomhla we fandesi ngapezu kwe one-fifth sayo, enga- seyisiti inzala irolwe kulo mali ingekahla- ulwa, waye umtengi enako ukuhlaula imali yemvumelwano naninina nokuba yinxalenye yayo ingengapantsi kwe £50.

Ukuba umtengi ufuna ukuba aka eme ekuhlauleni intsalela yemali yokutengwa komhlaba kuya kufuneka enze imvumelwano yenyanga ezilishumi elinantatu ukususela kumhla we fandesi, engayenzanga lonto uya kudliwa i 1/ yonke imihla xa selidlule ixesha lomnqopiso, ekuya kuti ukuba kude kwapatelela kwinyanga ezilishumi elinesi- bhozo emva koko lomali iseleyo kunye ne nzala yale yokudliwa ukuba iko kufuneke eyihlaule iyokuhlanganiswa nokokuba kukuyi pina inkundla ati ukuba akayiroli emva kwenyanga sakuba isigwebo siwile lomhla- ba uhlutwe ngu Rulumente ze imali abe seleyirolile iginywe ngu Rulumente.

Izalatiso nemigaqo yefandesi ingabonwa kwi ofisi ye Nkulu yo Nocanda e Kapa, nakweye Mantyi e Gala.

J. TEMPLER HORNE,
Survey or-General.

EBA TENJINI.

Kumandla, wase Xalanga e Cala

Lot No. 8,488, isiqwenga somhlaba, intsi- mi Lot No. 44 A, ububanzi 266 square roods, 96 square feet ; ngase Node yi Bridge Road, e Sude lidlelo, e Mpumalanga lidlelo nase Ntshon'langa. Inani lentengiso £12, indle- ko zocando, njalo njalo, £3 *12/,* itaitiie 12/3.

Lot No. 7,832 isiqwenga somhlaba, intsi- mi Lot No. 44, ububanzi 5 morgen, 345 square roods, 120 square feet ; ngasemantla ngu Mzimvubu Avenue, ngezantsi : Umtata Road, Empumalanga : Umqwalie Road, Entshonalanga ipele ngo Lot 45. Inani lentengiso £18, indleko zocando, njalo-njalo, £3 16/3, eye taitile 12/3.

Lot No. 7,833 isiqwenga somhlaba, intsi- mi Lot No. 45, ububanzi 5 morgen, 345 square roods, 120 square feet, nga- sentla ipela nge Umzimvubu Avenue, ngezantsi : Umtata Road, Empumalanga: (Lot 44. Entshonalanga: Lot 46 Inani lentengiso £18, indleko zocando, njalo njalo, .£3 16/3. eye taitile 12/3.

Lot No. 7,834 isiqwenga somhlaba, intsi mi Lot 46, ububanzi 5 morgen, 345 square roods. 120 square feet, ngasentla upela nge Mzimvubu Avenue, ngezantsi: Umtata Road, ngase Mpumalanga ngo Lot 45, ngase Ntshonalanga ngo Lot 47. Inani lentengiso £18, indleko zocando, njalo njalo, £3 16/3, eye taitile 12/3.

Lot No. 7,835 isiqwenga somhlaba, intsi- mi Lot No. 47, ububanzi 5 morgen, 51 square roods, ipele ngasentla ngodini olu- ngapakati lomlambo oyi Ngqanqundu, nge zantsi ngo Mtata Road, ngase Mpumalanga ngedlelo Block XXXV, Umzimvubu Avenue, ngo Lot 46, ngase Ntshonalanga ngo Lot 48. Inani lentengiso £18, indleko zocando, njalo-njalo. £3 16/3, eye taitile 12/3.

Lot No. 7,836 isiqwenga somhlaba, intsi- mi Lot 48, ububanzi 5 morgen, 307 square roods ipele ngasentla ngodini olungapakati lomlambo oyi Ngqanqundu, ngezantsi ngo Mtata Road, ngase Mpumalanga ngo Lot 47, ngase Ntshonalanga nge Mimosa Lane. Inani lentengiso £18 indleko zocando, njalo-njalo, £3 16/3, eye taitile 12/3.

Lot No. 7,837 isiqwenga somhlaba, intsi mi Lot 49, ubuhanzi 5 morgen, ipele ngase ntla ngo Mtata Road, ngasezantsi nge Drury Lane, ngase Mpumalanga ngo Umgasi Street, ngase Ntshonalanga ngo Lot 50. Inani lentengiso £18, indleko zocando, .£3 16/3. eye taitile 12/3.

Lot No. 7.838, isiqwenga somhlaba, intsi- mi Lot 50, ububanzi 5 morgen, ipele ngase Node ngu Mtata Road, ngase Sude nge Drury Lane, ngase Mpumalanga ngo Lot 49, ngase Ntshonalanga ngo Lot 51. Inani lentengiso £18, indleko zocando, njalo njalo, £3 16/3, eye taitile 12/3

Lot No. 7,839 is qwenga somhlaba, intsi- mi Lot 51, ububanzi 5 morgen, ipele ngase ntla ngo Mtata Road, ngasezantsi nge Drury Lane, ngase Mpumalanga ngo Lot 50, ngase Ntshonalanga ngo Lot 52 Inani lentengiso £18, indleko zocando, njalo njalo, £3 16/3, eye taitile 12/3.

Lot No. 7.840 isiqwenga somhlaba intsi- mi Lot 52. ububanzi 5 morgen, ipele ngo Mtata Road ngasentla, ngo Drury Lane ngasezantsi, ngo Lot .51 ngase Mpumalanga, ngo Lot 33 ngase Ntshonalanga. Inani lentengiso £18, indleko zocando, njalo.njalo, £3 16/3, eye taitile 12/3.

Lot No. 7841 isiqwenga somhlaba, intsi- mi Lot 53, ububanzi 6 morgen, 165 square roods, 43 square feet, ite ga ngo Mtata Road ngasentla, ngasezantsi nge Drury Lane, ngase Mpumalanga ngo Lot 52, ngase Ntshonalanga nge Kosana Road. Inani lentengiso £21, indleko zocando, njalo-njalo, £3 16/3, eye taitile 12/3.

Lot No. 7,842 isiqwenga somhlaba, intsi- mi Lot 54, ububanzi 5 morgen, 56 square roods. 71 square feet, ipele nge Drury Lane, ngasentla, ngo Lot 55 ngasezantsi, ngase Mpumalanga ngo Lot 56, ngase Ntshona- langa nge Kosana Road. Inani lentengiso £20, indleko zocando, njalo njalo, £3 16/3, eye taitile 12/3.

Lot No. 7,843 isiqwenga somhlaba, intsi- mi Lot 55, ububanzi 7 morgen, 330 square roods, 140 square feet, ipele ngasentla ngo Lot 54, ngasezantsi ngedlelo, ngase Mpu- malanga ngo Lot 56, ngase Ntshonalanga nge Kosana Road. Inani lentengiso £25, indleko zocando, njalo-njalo, £3 16/3 eye taitile 12/3.

Lot No. 7,844 isiqwenga somhlaba, intsi- mi Lot 56, ububanzi 5 morgen, 598 square roods, 24 square feet, ipele ngasentla nge Drury Lane, ngasezantsi ngedlelo, ngase Mpumalanga ngo Umgasi Street, ngase Ntshonalanga nge Lots 54 ne 55. Inani lentengiso £20, indleko zocando, njalo-njalo, £3 16/3, eye taitile 12/3.

Lot No. 7,845 isiqwenga somhlaba intsi- mi Lot 57, ububanzi 4 morgen, 517 square roods, 114 square feet, ipele ngasentla nge Bashee Street, ngasezantsi ngedlelo, ngase Mpumalanga nge Tele Street, ngase Ntsho- nalanga nge Umgasi Street. Inani lente- ngiso £20, indleko zocando, njalo-njalo, £3 16/3, eye taitile 12/3.

INTSHUMAYELO.

NGU NMHLEKAZI U SIR HENRY BROUGHAM LOCH.

Ilungu le Bhunga elipakamileyo le Nkosa- zana, Injinga ye Buto le Grand Cross, Yodidi olubaluleke kunene lo St. Michael no St. George, Iruluneli no Mpati Oyintloko we Mikosi yo Mnton' Omhle yase Cape of Good Hop", e South Africa namazwana, nezibhaxa zawo, ne Sandla so Mntan' Omhle Esikulu, njalo njalo, njalo.njalo, njalo-njalo.

EKUBENI kute kwaba yimfuneko ukuba uhlaziywe Umteto woku- hlanganisa irafu ezingahlaulwanga, ezi kwezi ndawo zikankanywe ngezantsi: ke ngoku, pantsi nangamandla endi- wanikiweyo, ndiyashumayela, ndisazisa lo Mteto uhlaziyiweyo, oyakuti, emva kolusuku, ume ugqalwe endaweni yo mteto okankanywe kwi Ziqendu 50 ze Ntshumayelo Nos. 110 ne 112, eze ntsuku 15 ne 17 ku September 1870, ne Siqendu 49 se Ntshumayelo No. 140, yomhla we 26 ku August, 1885, ezite ke ubuninzi (iziqendu) bazo zahlaziywa, ngapandle kwezingabekiselela kwinqubo ezaqalwayo nezingagqitywanga pantsi kwemigaqo enjengale ihlaziyiweyo.

1. Ekungapumelelini komntu omelwe yirafu yendlu ngoku, nasemva koku, ukuba ayihlaule ngenyanga ezintatu emva kokuba lidlule ixesha, kuyakuba lilungelo le Mantyi yeso siqingata, nokuba ngomnye umntu, ukuba ati- mbe ukuba kuhlaulwe elonani, ne ndleko ezite zenziwa, inani elaneleyo lenkomo, impahla, nezinye izinto ezi- lunge kulomntu umelwe kukurafa indlu, ekuya kuti ke ukuba lorafu ayihlau- lwanga kwintsuku ezi 14 emva kokuba kutinjiwe, ezonkomo nalo mpahla ukubuyisa lomali yerafu nendleko ezite zenziwa, ziyakutengiswa nge fandesi, ngapandle kokuba pambi kokuba ati umnini walompahla, lingekenziwa ifa- ndesi, alinge indlela nokuzifumana nokuba uyamangala, ekufunekaemelwe ngokuqinileyo ekumangaleni oko, aze ati ukuba ute wagwetywa alulame, kuba esosigwebo asisayi kwanela ukuhlaula irafu yodwa, kodwa kwanendleko ze- ntimbo leyo, ezenze ke ngoko mteto, kwanendleko zokutetwa kwelotyala.

2. Ekungati ke i Komkulu lifumene ukuba impahla leyo ibangwayo okune- ne yeyalomntu, iya kunikelwa kwakuye.

3. Imali eyi 2s. 6d. njengomrumo we sidyoli sa Komkulu, imelwe kukurolwa nguye wonke umntu ote wasemva eku- rafeni kwada kwadlula inyanga ezintatu.

TIXO SIKELELA INKOSAZANA!

Inikelwe kum ine Sincamatiselo se Koloni ye Cape of Good Hope, ngalomhla we 5th January, 1894.

HENRY B. LOCH,
Iruluneli.

Ngomyolelo wo Mhlekazi i Ruluneli e Bungeni.
J. GORDON SPRIGG.

No. 9, 1894.

IPEPA.

1. Pesha kwe Nciba nelakwa Gcaleka.
2. Elaba Tembu nelama Bomvana.
3. Mzimvubu.
4. Elase Mbo.

Imihlaba Elahliweyo.

ISAZISO SAKOMKULU,—No 250,1896.

KVJI Sebe Lokulima, Cape of Good Hope, 13 *March,* 1896.

KUYAZISWA apa, ngokwe Siqendu Sokuqala so iMteto we Mihlaba Elahliweyo, u No. 3 we 1879, owahlo- nyelwa yi Miteto Nos. 24 we 1887, no 15 we 1895, ukuba elimlaba ungezantsi, ekwi Siqingata sase Qonce, ikangelwe njenge lahliweyo, waye u Rulumente eya kuyitabatela kuye ngomhla we *14 AUGUST, 1896,* ukuba. ngeloxa akuvelanga baniniyo, okanye irafu ezingamatyala kuyo zihla- ulwe ku Mantyi weso Siqingata, nje- ngoko kufuneka njalo ngokwe Siqendu salo Mteto ukankanywe ngentla.

CHARLES CURREY,
Unobala Ongapantsi we Sebe Loulima.

Imihlaba ekwi Siqingata sase Qoqce.

Qabongiuana Tyinika, e Mgqwakwebe (ka Ross), Isiza Lot No. 4, Block U, ne Ntsimi, Lot No. 188. Imali elityala: £3 Is lid.

Nika Mzati, e Mgqwakwebe (ka Ross), Isiza Lot 4, Block G.G., ne Ntsi- mi Lot No. 189. Imali elityala : £3 0/8.

Ungindo, e Mkangiso. Isiza No. 8, Block D., ne Ntsimi No. 55. Imali eli- tyala : £3.

Klaas Faku, e Ncemera (ka Baliti). Isiza Lot No. 6, Block N., ne Ntsimi Lot No. 12, Block D. Irafu elityala : £3.

G.P PERKS NO NYANA
E QONCE,
YEYONA NDAWO YOKUTENGA
Imisesane Yoku "Ngeja"
Imisesane Yokutshata
Amacici Namehlo (Spectacles).
KANANJALO XA OFUNA
UKUHLAZIYA IWOTSHI.

MARKET SQUARE,
Kingwilliamstown.

Intengiso! Intengiso! kwa HEPWORTH'S Limited.

Intengiso Enkulu yonyaka iko ngoku. Ngamanani onke. Amaxabiso atotywe kakulu. Onke ngawe mali ezatengwa ngayo, nangapantsi, kufuneka itengiwe yonke lempahla ukuze kubeko isituba seza kufika entsha.

I SUTI ZAMADODA	55/-	Zitotyelwe kwi	25/-
	35/-	»	19/6
IBULUKWE	12/6	„	6/11
	18/6		8/6
„ Zamadoda ze Kodi 8/6		„	4/11

I SUTI ZOMATOLOSE ZAMAKWENKWE ze 3/6, ebezi fanele ukurolelwa ngapezulu.
I SUTI ze TWIDI, ze 12/6 ... Zitotyelwe kwi 4/6 ne 5/6
Yizani kuzi ketela kuse lixesha.

Indawo akuyo MACLEAN STREET, EQONCE (KING WILLIAMS TOWN)

LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,
SINGENISE KWELI LIZWE
IBLANKETE ZOBOYA.

EZILUKWE NGOBUGCISA OBU BODWA, Igama lazo yi "EXTRA NAVY or MATTROSS."

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPA- ULE i BLANKETS ZONKE ngopawu esi- luqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifa nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENE-

NE, kangelisa kunene ukuba ina- wona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYU- ZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU.
IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkele enitenga kuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke,

---

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

James W. Weir & Co.

E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama

IGQIRHA LAMEHLO.

U Dr. T. C. DAUMAS uyakuba se Qonce ukususela kumhla we 19 ku MAY ukuya kumhla we 25.

Bonke abafuna ukuhlangana naye banoku- mbona kwa Mr. DOBLE, Umpitikezi-Mayeza, o Maclean Street, e Qonce, pakati ko 10 no 12 yonke imihla. [3145

BON MARCHE

JOHN W. BAYES & CO., GRAHAMSTOWN.

IVENKILE ENKULU ENTSHA,

(Ene Veranda ne Tawa ekoneni ye Bathust Street ne Bala le Tyalike ka Bishop.)

Yeyona VENKILE ITSHIPU kwimpahla Yendidi zonke—KUMADODA NAKUBAFAZI.

Ifelane, Amabhayi. o Matros Boboya, Ingcawa, Ifurini (Winseys), Ifle- nelana 3 3/4d ngeyadi, Itaweli 3d inye, Izinto Zokugqubutela Ingcawa, Iprinti Ezibukali zama Jamani 6 1/2d ngeyadi, Ikeshmiya ezi Blanket nezimabalabala, Ityali Ezimnyama Nezimabalabala, Idyasi Zamado- da Ezinzima 10s. 6d., Ibhulukwe Zekodi 4s. 9d., Ibhatyi Zekodi 6s ' Neminqwazi ezi Felt.

Ibhaso Lesheleni linikwa kwi Ponti nganye umntu atenge ngayo.

JOHN BAYES & CO BON MARCHE

ESONA SITORA SIPAMBILI

ONOKU FUMANA KUSO

EZONA MPAHLA ZILUNGILEYO

NGAPANDLE KWE NTANDABUZO KUKWA

Dyer & Dyer, limited

E-QONCE,

Ibhulukwe Zamadoda ze Twidi ... 3/11
Isuti „ 16/6
Ezilushica 22/6
Isuti Zamadoda ze Serji.....16/6
Impahla Zokutshata Ibatyi ne Ondulubatyi iqala kwi 19/-, 22/6, xide ziye kwi 30/-
Iminqwazi, Amaqina, i Gloves, Ikolala, Ihempe, Imekentoshe, Idyasi, Izihlangu, ne Shuzi njalo njalo.

Intlobo ntlobo Zempahla ye BOLA ne NTENETYA.



Ngamanani Alungileyo ezi Klabini.

ILANGA LINIKA
Ukukanya, Ubushushu, Ubom!



FLUID NONPOISONOUS
SHEEP DIPS

LITTLE'S

POWDER POISONOUS

I DIP yetu ye Gusha inika ukupila emihlambini iyawa nelisa Amafama antsundu yaye ivunywa ngabo bonke ukuba yoyona DIP ifanele umzi o Pesha kwe Nciba

The New Jagersfontein Mining & Exploration Co.

(Limited)

NOTICE!

IS hereby given that Mr. JAMES SAUNDERS (Mahlasaba- ngella), late of Koffyfontein, has been appointed Superintendent of Natives and Compounds at Jagersfontein, and will commence his duties on the 19th of this month.

By order,

NELSON S. GIRDLESTONE, Secretary.

Kimberley, August 14th, 1895.

WANTED

FOR the above Mine, any number of able-bodied NATIVES, to work on the Floors and in the Mine.
Good Wages, Food Free, and Good Treatment.

2211

KUFUNWA.

KWANGOKU ABAKANDI BEBHEKILE Abantsundu; umvuzo ulungile. Abasebenzi abapapileyo banokufu- mana 30/ de kuye kwi £2 ugeveki. Abawufunayo lomsebenzi bobhalela ku:

LAWRENCE KNIGHT & CO.
Fleet Street,
3145] King Williams Town

O BAKER, BAKER, and CO.,

E QONCE.

Banento eninzi yempahla

Ezimhlope Nezi Mtubi i Silika

Ezilungiselelwe aba-Ntsoudu xa batshatayo.

I PATILONI ezintsha 1/3,1/6, 1/9, ne 2/- iyadi.

Ezemitshato Izigqubutelo, Amagqabi, i Gloves, ne Shoes.

ITYALI! ITYALI!

Ezintle 4/6, 5/6, 6/- 7/-, 8/-, 9/-, kused kwi 25/-.

IBLANKETE nezi BHALALA .

IDYASI ZAMANKAZANA,

Z1T0TYIWE.

I PRINTI ne KELEKO, IZINXIBO ZONKE, EZOKUHOMBA ne CAPES ne BHATYI

KWA BAKER, BAKER & CO.

EQONCE.

IKOMPONI ENTSHA YASE JAGERSFONTEIN YOKU-

MBA NOKUPANDA, LIMITED.

KUYAZISWA apa ukuba u MR. JAMES SAUNDERS (Mahlasa- bangella), obefudula ese Koffyfontein, unyulelwe ukuba abe ngu Mpati wa Bantsundu, ne Mingxuma e Jagersfontein, umsebenzi wowuqa- la ngo 19 Iwale nyanga.

Ngomyalelo,

NELSON S. GIRDLESTONE,
Unobhala.

Kimberley, August 14, 1895.

KUFUNWA

AMADODA apilileyo, afunelwa umsebenzi wapezulu nowase mngxunyeni kule Mingxuma yase Jagersfontein,
Imivuzo iyamkeleka, kutyiwa kwakona, nempato intle kakulu.

Beauchamp, Booth & Co

E QONCE

Siyanazisa ukuba siwafezile amalu- ngiselelo ebe siwenza sine

Mpahla Ezintsha!!!

I GERMAN PRINTS, ezona zilungileyo yi 6d. i yadi.
IZITAFU Ezipindiweyo (double width) intlobo zonke zamabala yi 1/- iyadi (ngamanani alula).
ITYALI ezintsha zoboya ezisandulu kufika ze- nziwe kakuhle ziqala kwi 4/- ziye kwi 40/- inye.
IHEMPI eziyi micako ezomeleleyo ye 6d 7 1/2d, 9d, nge yadi.

ILOKWE ZOKUTSHATA ese zenziwe kade ziqala kwi £1 5s, zide yiye kwi £5, zinako noku o- dolwa ze zenziwa kwa oko.

IVEYILE ZABATSHAKAZI, intyantyambo.

IZIHLANGU ne SHOES nayo yonke into enga- funekayo yomtshato.

Yizani Kubona Isitora setu esikulu esitsha.

Beauchamp, Booth & Co,

Late JOHN J. IRVINE & CO.

PASCOE (UFOLOKOCO)

NIYAZI apo ningamfumana kona. Uyazibulisa izihlobo zake ezintsundu.

Ufuna ukuzikumbuza ukuba usandulu kufumana into eninzi yempahla ezintsha ezivela e NGILANE:—

IZIHLANGU ne SHUZI!

EZABAFAZI i SHUZI 3/6 nge pair
„ EZINEMITYA 4/6 nge pair
EZAMADODA „ (ezomeleleyo) 7/11, 8/6, njalo njalo
„ EZILUKUNI (Bluchers) 8/- nge pair

Ingubo Zamadoda Zokunxiba (ngokukodwa) Ezokutshata —Uyezvana.
Asiwalibele Namanenekazi Ilokwe Ezimhlope ze Setini ziqala kwi 30/—Qonda i £110/-qa.
Izigubungelo, Amagqabi, Ezokutshintsha Ilokwe, ne Ndilokwe, njalo njalo. Eyengeji neyokutshata imisesane Amacici, njalo njalo.

ITYALI ne PRINTI zake ziyalicimilanga, Ningazilibali ITYALI zake.
I FLANELE ziqala kwi 3d. nge yard.
I kavala zamabhayi zobusika ezinoboya 6d. nge yadi.
I KELEKO e Brown 3d. nge yadi—ummangaliso.

KWA * FOLOKOCO,*

Nge Nqu-"SALUF,"
Ezantsi ♦ Kwetyalike yama SKOTSHI,
E QONCE.

UMGUBO KA KEATING,"
"UMGUBO KA KEATING."
"UMGUBO KA KEATING."
"UMGUBO KA KEATING."
"UMGUBO KA KEATING."
"UMGUBO KA KEATING."

Lomgubo, udume kangaka, awoyiswa nto ekubulaleni INCUKUTU, INTWAKUMBA, IMIBUNGU, OQONGQOTWANE, nazo zonke izilwanyana (elixa ungena ngozi kuzo zonke izidalwa ezipilileyo). Yonke impahla yoboya kwanemfele ezitambileyo ezinoboya (furs) mazigalelwe lomgubo pambi kokuba zibekwe. Oya ngaselwandle makangawushiyi. Ukunqanda ukudaniswa zamelani ukuba nalo " Mgubo ka Keating." Akuko wumbi umgubo unomsebenzi ngapandle kwawo.

INCUKUTU,
INTWAKUMBA,
UBULALA-(AMANUNDU,
I OQONGQOTWANE,
lINGCONGCONI.

Awugqitwa nto ekutshabalaliseni INTWAKUMBA, INCUKUTU, AMAPELA, OQONGQOTWANE, AMANUNDU kwi MFELE EZILAMBILEYO EZINOBOYA, nakwezinye intlobo zezilwanyana. Abazingeli baya kuwufumana unexabiso ekubulaleni intwakumba ezinjeni, kwanamanenekazi kwizinja zawo azitanda kunene,

"Amaqakamba ka Keating Epalo."
"Amaqakamba ka Keating Epalo."
"Amaqakamba ka Keating Epalo."
"Amaqakamba ka Keating Epalo."
"Amaqakamba ka Keating Epalo."

UMFUNO ONESWEKILE ngembonakalo nokuvakala kwawo emlonyeni; unika indlela eyamke, leka kakulu yokusebenzisa ukupela kweyeza eliqinisekileyo LAMAPALO ASEMATUNJINI, Liyeza elilunge kwapela laye lingerara, lenzelwe abantwana ngokukodwa. Litengiswa nge Nkonxa ne Bhotile kuzo zonke Izindlu Zamayeza. Umlungiseleli: THOMAS KEATING, e London.

Kwabatenga e Rini!

UKUBA UYAFA!

—YIYA KU—

F. J. ABBOT

IKEMIST, E RINI.

Uyakukupilisa

Msinyane!

Amanani ake Alula!

BONISANI.

UMNTU ogama lingu MANJILA ' A-NQAVULA ; unenyanga ezintatu elahlekile. Ufunwa ngunina ka William Manqavula e Bloemfontein. Omaziyo ancede abhalele kunyana : c/o J. P. Tshabalala, Bloemfonten, U.F.S, [2301

IKAYA LABANTSUNDU,
NE VENKILE,
E QONCE

SIYAWAZISA umzi wakowetu ukuba zisamana zifika Iqiya Ezibukali ze SILIKA ezina Maqhina ne Minqwazi (Cans) yazo.
Kufike ne MPAHLA ENTSHA ye Bhola ne Tennis. Ihleli yodwa thu ! ! Amapini uqala ku 6/6 aye ku 21/6 ne

----

PAUL XINIWE General Agent,
King William's Town and East London.

EZIKA KAYE I WORSDELL PILLS
EZIKA KAYE I WORSDELL PILLS
EZIKA KAYE I WORSDELL PILLS
EZIKA KAYE I WORSDELL PILLS

Zazeka ngapezu kwe 100 leminyaka ukuba ziliyeza elitembeke kakulu. Zihlambulula igazi nanjengokuba zingu Mchiza Opolileyo kodwa Ohambisayo ngokufezekileyo azigqitwa yeza, nangapezu koku zomeleza imitambo, zenza ukuba onke amalungu asebenze ngokupilileyo, into ke leyo epilisa ngqe.

Zingumalane ku Mnquma, Ukugquma kwe Sisu, Intloko, Ukungahlali
Kokutya kakuhle esiswini, Izifo ze Zintso nesi Bindi
Zitengiswa ngaba Pitiketi-Michiza ne Zitora nge 1s 1 1/2d. ngebhokisana.
Abaninilo, JOHN KAYE, LIMITED, LONDON,

Zitengiswa ngu G. E. COOK, i Kemist, Downing Street, e Qonce

Ikomponi Entsha Yokumba Nokufuna yase Jagerfontein (Ltd.)

(UMPATI WAYO NGU POUL DEBELL).

LE Komponi ifuna Abasebenzi Abantsundu ukuba baye kusebenza kumngxuma wase Jagerfontein
Abafuna incazelo eyaneleyo bobekisa ku Mr, HUGHES (Bushula), Exonxa.
[375

Jongani apa Batembu! Umzi Wenu!

J. W. GARRETT & Co., IZITORA ZE GLEN GREY

LADY FRERE,
IVENKILE ENENCASA, IMPAHLA IHLABA EKOSI!

Betani uxongo Manene, Maledi, nityebise "amagabuko" konal Sondelani! Ibeta ugovane ati cwaka!

Izambato, Imixesho, Impahla Zendlu,—zonke izinto betu. UBOYA, IZIKUMBA, UKUTYA, ne Mpahla Ehambayo,—yiyona Ndlu encamisa igila ngexabiaso elihle. Hlohlani zipaji nize. Unconywa nga Bamhlope na Bantsundu.

GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN

IMPAHLA ZOKUTSHATA:

Izivato ze Satini—Ezokutshintsha Izigu- bungelo Zaba Tshakazi Amagqabi Oku- tsbata Izihlangu ne Shuzi—Indilokwe, Iziteyisi, Nobuqeleqele Obunjalo.

IMISESANE YOKUTSHATA:

Imisesane ye Ngeji—-Amacici.

INGUBO ZAMADODA:

I Bhatyi-ezimnyama— I Bhulukwe-Zo- kutshata — Ihempe-ezimhlope - Amaqina ne Kolala—Iqiya zi Silika—I Gloves ezi- mhlope,

NOBUQOLO, Njalo Njalo

GIBBERD NO BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

PILISA

UMBUYISELI
WEGAZI OMKULU

ELONA YEZA LIYINKUNZI E-KUNYANGENI ZONKE IZIFO EZIBANGWA KUNGCOLA kwe GAZI.

Ukuba uneqabanga tata u Pilisa Ukuba unamatumba tata u Pilisa Ukuba ujadukile tata u Pilisa Ukuba uqinile tata u Pilisa Ukuba unesibindi tata u Pilisa Ukuba umana udumba tata Pilisa Ukuba akudli tata u Pilisa Ukuba ubundongela tata Pilisa Unamabala entlungu tata u Pilisa

BANINZI ABALINGQINAYO.

2/6 nge Botile, ngeposi 3/2.

Linokazuzwa kuzozonke indlu zamayeza, nakume- nzi walokanye u

H. T. DOBLE,

CHEMIST, ETC.,
KING WILLIAMS TOWN

Amayeza ka Cook Abamtsundu

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange lise lamayeza abalulekileyo.

Elika
COOK lyeza Lesisu Nokuxaxaxa.
1/6 ibotile.

Elika
COOK lyeza Lukokohlela (Ling amafuta).
1/6 ibotile.

Aka
COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.
9d. ibotile

Elika
COOK lyeza Lepalo.
1/6 ibotile.

Ezika
COOK Ipils.
1/ ngebokisana.

Eka
COOK Incindi Yezinyo.
6d. ngebotile.

Oka
COOK Umciza Westepu Saba* ntwana.
6d. ngebotile.

Oka
COOK Umgutyana Wamehlo.
6d. ngesiqunyana

Oka
COOK Umciza we Cesine. 3/6.

Niqondise nkuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Ngawenkohliso angenalo igama lake

Owatengisayo e Mount Frere, kwa Baca, J. J. YTES, " Umatendela."

UMCHIZA KA

LUMSDEN

UMFULAWENJA
UMFULAWENJA
UMFULAWENJA
UMFULAWENJA
UMFULAWENJA
UMFULAWENJA
UMFULAWENJA
UMFULAWENJA
UMFULAWENJA
UMFULAWENJA
UMFULAWENJA
UMFULAWENJA

Esisifo asinto yi- mbi ngapandle kokuba sisuke si- wugqibe wonke umzi ngaxesha nye. Siqala ngo- kumana umntu eqaqazela yingqe- le, kude kube buhlungu nengalo nemiqolo, njalo njalo, ize kufike Intloko ebuhlu- ngu, Nomqala, ne situkutezi, noku- tamba. Ukuba uqalwa zezi zifo funa Ibotile ka LUMSDEN Yoku - nyanga Umfula- wenja (Influenza Specific) olungele Ingqele, Intloko, njalo njalo.

UTENGISWA KUPELA NGU

R, LUMSDEN & CO.

MACLEAN STREET,
King Williamstown.



BISSEKER, GEORGE

AND CO.

Abatengisi Abakulu Bezihlangu,
101, Main Street, E Bhai.
BAGCINA IMFUMBA

IZIHLANGU NE SHUZI

EZI LUNGELE

UKUHAMBA, UKUKWELA, NO- KUHLALA EKAYA,
UKUHAMBA ISIKOLO, NOKU- SEBENZA EMASIMINI.

Ezo Bisseker, George & Co. Izihlangu zihle nase mehlweni; ziyamhlala kamnandi umntu, zinjalonje ziyaxolisa.

Bonke abalesi be Mvo NELISO LOMZI *bayanoyishwa ukuba bezekulomzi, bayanoyishwa, ukuba bezekulomzi, batenge into abazitengayo kona.*

Bisseker, George & Co.,

INDLU YESI
HLANGU -ZENTSHINGA- YENDLOVU
PORT ELIZABETH

APRIL (Ntlangula) 30.

		IS AMAXESHA ENTANGA.	ce M ■ n
		CD	
	a	5—Iceba Lokugqibela ... 154 a.m.	
		13—Inyanga Enteha ... ... 5'53 a.m.	1 ~
		21—Icoba LoknqaU .... 017 a.m.	2 J
3		= 1 27—Inyanga ezeleyo........................ 3 17 p.m.	0 1 -3
			3 j gi
1	T	1 Umhla wezipoxo.	5 515 32
2	N	Iduli lase Mgmjgnndlovu, 1879.	5 52 5 31
3	H	*Good Friday*—yi Bolide. [be, 1878.	5 53 5 30
4	M	U Matebese woyiswa Elukalweni Jwe De.	5 545 28
b	C	*Icawa ye Easter.* Wabhubha u Hebeni, '85	5 54 5 27
6	Mv	Umvnlo we Easter—*Yiholidc.* Aqala	5 55 5 26
7	B	[ukufika kweli Amangesi, 1652.	5 56 5 24
8	T	Idabi lokuqala no Molosi, 1879.	5 57 5 23
9	N		5 58 5 22
1	H	Afika ama Ratlani, 1820.	5 58'5 21
1	M	Baxhonywa ababulaii baka Tainton, 1878	5 59 5 19
1	C	. *Icawa* 1 *emva kwe Easter.*	6 05 18
1	Mv	Ziyavulwa Izikolo. Elase Koloni lanikwa	6 0|5 17
1	B	[i Ngilane, 1813.	6 15 15
1	T	Imbubho yase Mkubiso, 1846.	6 2 5 14
1	N		6 3 5 13
1	H	Imvukelo yama Rilikwa, 1878.	6 3 5 12
1	M	Eli lahandakanywa ne Natal ngocingo, '75	6 4:5 H
1	C	*Icaxva* 2 *emva kwe Easter.*	6 55 9
2	Mv	Wazinikela u Mfanta, 1878. Afika e Bhai	6 6|5 8
2	B	[am . Satlani, 1820	6 65 7
22T			6 75 6
23 N		Wafa n Shakspere, 1616.	6 85 5
24 H			6 85 4
2	M	Latetwa ityala lika N.' Mshweshwe, 1877.	6 95 2
2	C	*Icawa* 2 *emva kwe Easter.*	6 10:5 1
2	Mv		6 115 0
2	B	Ipalamente yokuqala eyabase Rini, 1864	6 12 4 59
2	T	1 Ukupela kwe mfazwe yase Crimea, 1856.	6 12 4 58
3	N	Idabi lakwa Ndoda, 1878.	6 13 4 57
0		1	

Lenyanga yinyanga eyomileyo. Elo- na xesha lokuhlwayela ingqolowa engu nde- vu (baardt). Tyala imigushe, i turnips, i beet, amatswele ne ertyisi.

ORSMOND'S

PREPARATIONS
GREAT AFRICAN
REMEDY
THE STANDARD DOMESTIC
MEDICINE
FOR FEVERS AND COMPLAINTS OF THE HOME
ANTI-RELAX
GUARANTEED SPECIFIC
OR COLIC, DIAP.RHCEA, DYSENTERY, AND SUMMI BOWEL COMPLAINTS.
BLOOD
PURIFIER
FOR KIDNEY AND URINARY DISORDERS, ECZEMA AND ERUPTIONS, SORES. SYPHILIS, SCROFULA. UNRIVALLED TONIC FOR FEMALES.
FRUIT PILLS
FOR LIVER. STOMACH AND BOWELS PILES AND CONSTIPATION. ARE MILD AND EFFECTIVE.
HERBAL OINTMENT.
FOR NEW AND OLD SORES, SKIN DISEASES, RHEUMATISM. PAINS IN JOINTS AND MUSCLES SPRAINS, INFLAMMATORY SWELLINGS.
PREPARED by G. E. COOK.
MEDICAL HALL,
KING WILLIAM'S TOWN

IBHODI YE ZIBHALO.

EKOKUBENI i Bhodi ya- bahlaziyi be Zibhalo isondela ekupeleni, icela ezihlotyeni zonke zomsebenzi wayo, ezisakuba zinendawo eziziketayo, ukuti zizixele ezo ndawo zingakolwayo zizo, zizi- misele ngamazwi eziwabonayo ukuba ngafanelekileyo.
Ibhodi iya kuwakaugela, ize isbicilele ekolwe ngawo.
Umntu obhalayo angabhe- kisa nakulipina ilunuu le Bhodi.

W. H. BOURKE,

Umenzi we Zonka Nentlobontlobo ze Keki.

Ikeki Zemitshato ziqala kwi 5s. zinyuke.

Use Cathcart Street, King Williams Town.
[s215

ISAZISO

UKUBA Ihashe Elinesali Nomkala ela shiywa ngu THOMAS MAZAMANE ku C. A. WEBB, e Tyinira, alibanga namntu uza kulikuIula kwisituba sentsuku ezi 21: liyakutengiswa ukuze kuhlaulwe ezondleko
[375

Ukwazisana kwezihlobo

Imibiko.

MTOBA.—Kubhubhe ngOmhla we 17 . April, 1896, umntana oumcinaue ka Annie no Stephen Mtoba, o Hod-. U[1] eaele nenyauga ezisiohozo ubudalu. Iziblobo mazamkele lombiko. [1

Imvo Neliso Lomzi

NGOLWESI-NE, APRIL 30, 1896.

IVEKI.

IBILIDABI Emaxambcni, e Bai pakati kweqela elisekulwini macala omabini ngo Mgqibclo ogqitileyo. Kude kwali- xesha le sitatu ekuseni zipitizela indla- veyine.

ENXARUNI siva ukuba kuko indodana ezibulele ngolwesi Bini (28 April) emini emaqandu. Ibilityumka ngokwase Tsbetshi indodana leyo. Namhla lo ngowesitandatu kweso sikoto ukufa ngolohlobo, emva kokuba kudala beku- ko iliwa lainagqwira kulondawo.—Kuli- ndelwe u Bishop Webb ngolwesi Tatu oluzayo kuwo lomzi.

ILUNGELO LABANTSUNDU.

KUKO utnleto omhle kukulu ongeniswe kwi Palamente yase Natal oyakuba luucedo kwiqela elitile lubantsundu kwolozwe. Sibeka pambi kwaba'esi betu ingxelo ztngxoxo malunga nalomfeto ezingumfunekiso omhle. Kwinteto yomnuinzana obekel ih-yo Umpatiswa Bantsundu (u Mr. MOOK) kuyabonakala ukuba abantu ongabu lorn teto ubhekiswa kubo kebabizelwa jnt'angauisweni eko no Mr MOOR : ikute ke kwaxoxwa ngalomteto waza waqulunqwa kakuhle. Kanikangele jmahluko walenqubo kuleyo yayeiziwe ku Mteto wase Glen Grey. Isintoiqelekileyo ukubona inkundia nase Safafika zisenza umteto onje ugalo noyakuba luncedo kumawetu, zaye kanjalo zibonisa unonelolo. Lenkundla yase Natal ifanele uku- nconywa ngelinyatelo, save tina eilivuma ukuba lilungile:—

U Mr. Tatham ute makubuye Kufundwe umteto wamalungelo abantsundu. Lo mteto wamkelwa kwi Palamente edluleyo wawungeniswe ngu Mr. Justice Mason, endingati ulwazi Iwake ngalomciinbi kule Koloni lungapezu koinntu wonke. Amaqela abantsundu abefiko adibana ngokutenga imiblaba (ifama); kodwa izablulo kumntu ngamnye bezingazange zabiwe kakuhle ngokuti iminikelo inga- lingani. Ezifama zazitengwe pezu kwe ndawo yokuba zekwahlu lei wane nge- mali: abauye ke kubabambi zahlulo bailie, abanye bemkile bazitengisa izablulo zabo kwabauye—lento ke ite yabangela ukuba kube nzima ukufmnm inani emalifunyanwe ngumbambi sahlu'o nga- mnye ngamnye. Lnmteto ke ujonge uknnceda kule ngx-keko ngok'ufina amadoda ayakugvveba ngokufanelekileyo — kodwa yonke lonto iyakwenziwa xa bate abantsundu bayamkela.

U Mr. Ry ley ute uyatemba ukuba abantsundu abatenge imihlaba baya kuwa- mkela lomteto. Uke weva nge Komponi yabantsundu ekwi 200 etenge 8,000 acres yaye ke lento iyakubanga iukatazo eya kupelela ekubeni kumanga'elwane.

Umpatiswa Bantsundu ute uyakolwa ukuba lomteto lilinga elihle lokukwe eli- sa iukatazo. Yena no Mr. Justice Mason kebateta kakulu ngawo lomcimbi, bazama indlela yokuwulungisa ngokuza nalo mteto. Umeme abatuuywa nabantsundu ukuba ze ke beze kuye e ofisini yake, bacazelwe lomb to ukuze baxele imvo zabo, yaye lonto iyakuba luncedo k ibo nase Palamente. Uyavuya kuba ineue elibekekileyo liwuzise pambi kwebandla lomteto, wayeetemba ukuba pambi k< kn- ba uye e Komitini uyakuba nokwenza iugxelo ngenllanganiso yabatunywa ba- bantsundu. Ute uyatemba ukuba i bantsundu baya kuwamkela lomteto kuba ngapandle koko lemihlaba yabo iy; kn- peiela emagqweteni.

UMBUTO KAMR McADOO.

LOMBUTO waba Vumi base Amelika uyigwube ingoma apa e Qonce okuzeni kufa kweveki epelileyo—kwuba mhlope Ngo Mvulo ngokuhlwa, ujengokuba kube kwazisiwe kwi " Mvo," nine pambi kontsundu wodwa kweiye yetyalike zalapa. Amawetu a ta- bangako ngobuninzi bawo, nabeko akolise ngeqela letikiti ezitshipu. Into ezinjalo ke zibanga ud'DO. Kuhle ukuba ibakala elinje ngoku- vuma pambi kwabetu kweqela eli- njenge lika Mr. MCADOO kubulelwe ngebandla elimnandi, ukuze nabeqela bakutazeke. U Mr. MCADOO uyitshayelele ingoma kwanjeugo- kuba eyivuliie ngenteto emyoli. Intshayelelo ibe yeyokuba ezingoma bazivumayo zezokoko babo oko baye bengamakoboka e Amelika betatwa kwakule Afuka yetu kuminyaka e 200 eyagqitayo. Umteto ubungaba- vumeli ukuba bafundiswe, ahebeti ke ngamaxesha atile banyel' umchiza ukuba baye kuvuma ezing* ma. Ehla ! ukuyola kwazo—sezipnma eziswini zomlibo wabo oqeqeshiweyo. Singe ixesha alingepele. Ekuwu- valeni umsebenzi u Mr. MCADOO uvakalise uvelwano nomzi ontsu- ndu kubupantsi osekubo, wati kmi- jikelo bayenzayo iyabasondeza ku- mawabo ase Afuka, anetemba ukuba kusaya kuvela isiqamo esihle kuyo. Besingavuya amawetu kwindawo anokupumelela nentlanganiso ezinkulu ebamemele ukuba bawagwa- bele ewodwa.

UMCIMBI KAMR MASHABA.

UMCIMBI womfundisi, u Rev. R. N MASHABA, osezinta- njeni e Lisbon siteta nje, ukunqa- nam elitembisayo. Ikomiti yaba Fundisi bentlanga yase Wesile e London yawunikela ezandleni zika Right Hon. Sir HENRY FOWLER. owaye nguinpatiswa wela&e India kumbuso oputnileyo wase England, ote wawuququzelela ngangokuba oliliso le Nkosazana e Lisbon abhalelwe ngumbuso WBBQ England ukuba axele kulaulo Iwase Lisbon uhlobo abekwe ngalo u Mr. MASHABA ngabazalwana bakeabangaba fundisi base Transvaal, nokokuba umbuso we Nkosazana ungavuya epatwe ngetara Lcnqubo ye Ko miti ya Pcsheya iya kubulelwa ngamawetu, kwangckunjalo isenzo sika Sir HENRY FOWLER, Silindele impamelelo entle ya'emigudu yaba hlobo betu abamhlope. Le venye vezinto zokuwafundisa amawetu uknba kulilungeio lawo ukuba apulushe ngazo zombini ezinkabi— emh'opo nemnyatna, kungabiko iy ok wayo.

UMHLEKAZI IRULUNELI.

USIR HERCULES ROBINSON ubizelwe pesheya ngu Mr. CHAMBERLAIN Kusatiwa uya kubhunga, kodwa asingemangaliswe engabanga sabuya, kuba ngati abaqubi ngemvisiswano kulernicimbi yase Transvaal. Abantu ngati ibasakuba lusizi kuyapi nokuba ikabuyanga Umhlekazi, kuba xa ikumbula ukuba yayinguye owalutgiselela lornnqopiso nania Bhulu ibange ezi zipitipiti zikoyo, wayo i tanjaqo u Oom PAUL engenayo j imveii omkulu kwinqubo yako sgadavu ngakubuntu baka Nkosa- ! sana kuno Sir HERCULES, akuma- igaliso ukuba babe mbalwa abalusi- [1] si ngoku.roxiawa kwake.

KWELAKWA MZILIKAZI.

KWELI akukabiko zimbi. Ku- saman' ukubako amadatyana, ati abe nababulawayo, kumacaia omabini. Into eke yako ngaleveki Uduli kumlambo ongu Mguza, eku- tiwa ama 3000 ama Ndebele aqu- bisene na 300 eyabeiungu, kodwa abelungu be LOO kupela. Yabuya umva eyama Ndebele. Yimirozo imkhosi ukusinga kwelo, kwaye kungabonakali ukuba lento iya kubehle ibe nesipelo.

AMATYALA ASE TRANSVAAL.

INDABA eziwenzele intlalo enge- mnandi umzi ngaleveki zezo- kutetwa kwetyala lamanene ase Transvaal awabanga ezizipitipiti kona. Lompi ibipambi ko Judge GREGOROWSKI ; yanendawo ezivu- mayo etyaleni Amadoda amane azinjojeli—o Col. .RHODES, Mr. EARRAR, Mr. DRUMMOND, no Mr. PHILLIPS — agwctyelwe ukuxho- nywa. Umrululu wamanye wadliwa iponti ezi £2,000 neminyaka nga- mibini entolougweni, agxotwe imi- nyaka elishumi kwelo lase Transvaal. Esi sigwebo soyikekayo sokufa sibuye saguqulwa ngu Rulumeni osenze immyaka emihlanu entolo- ngweni. Sinenkolo ukuba zisaya kubuya ziguqulwe, yonke lento ipeliswe ngesizi.

IPALAMENTE

ELI Bandla lidibana namhla e Kapa. Okwaugoku usengati umbuso ka Sir GORDON umi ngamlenzana mnye, esingaziyo ukuba ungaqetulwa ninina. Kodwa ngati awamkelekile kuma Bhulu, kunjalonje amafama eli, apetwe zinto zo BULUBANTI (Capt BRABANT) awangawo kuba kusitiwa ungoququzelela ama Bhulu. Sesobona xa uqubekayo umsebenzi into ekuya kuba yiyo. Kodwa ngati amadoda anqwenelwa sininzi ngo Mr. RHODES no Mr. INNES.

INDAWO NGENDAWO.

[NGABABHALELI BETU,]

E BHAI.

April 16, 1896.

Tmvula ke zafikelela kule cawa ipelileyo, eekafan' ukuti kube mnundi kuba beeekungxamele ukuba kubi ngenxa yokubalela kwelanga, ke ngoku uti naxa usatate i walk uve utnoya opolileyo, sinoedeie sekuza kuba nzima. Nangoku ieafuueka kuba aaikaneli.

***

Ifike yadlula imini ebilindelwe nguye wonke umntu apa e Bhai—imini ye Picnics, uakuba besiti ukuyibiza kwabo yi picaiti, anduzi nokuba biaiteketiso or whether they Kafir'ze it. Yayiyiimni emoandi. Sivuka umoyu uvutela aada sacinga okokuba iya kuba yimiui embi; kodwa kute emini lajika lasen/eia imini entle. Into yokuqala site ukuze aiboue okokuba yimini enkuiu eeva amagubu entsapo ekuia kwakumsi, kauti aingazi nje tina nontanga warn kubiz va abantu okokuba badibaue. Ndukumbuia eko beaiaakulandela igubu aibanoinane—when the bugle Bounded and the kettle dium rattled for failing in. Idibeno ke intsapo ezikoiweni zayo, yeauka apa ngo half past seven iaiya kwelo tafa lingapezu kwe Bhai apo into yayi kona, Kwabamnandi betu aonwaba.

***

Lon'buto ite ukugoduka kwayo yakatahwa yimvnla kwakubi kwamnandi, kwuba kubi kuba yabafikela besekude emakaya, nditeta mna ayabanda yadl»la ngabo, kuba kaloku ibafamene beziauiu kuba babeugena zidyaai : kube mnundi kui a imvula le besiyifuoa, k« aaiuako okokuba aiyibeke ityala ugenxn yoknba ina ugalemini xa kutandiwe ukube siyipiwe ngalemini. Kuse ngemiui elande layo etshi e emazwi kuba kaloku bekungo nywa noko besimanzi njalo.

##*

Nge Cawa ngomhla we 12 ibikwa yimin enkulu, ibiyi Anavestile yesikolo so Cam S889 Weeilo. Inkonzo zalomini bez'petvve ngumfundist wase Rini, itete ngokuqeqe thwa kwabantwanna londoda, ndnetf yatsho kw»kanya. Enye into eyicuSumi sileyo j eyokungatandazelwa kwentsapc ezise zikuleni, kanti noko kulindelwe oko kuba zenae imisebenzi elungileyo, zinokutin ukuyenza xa zingatandazelwayo ? Ukumkt komhla nge Cawa njalo ibe luviwo Iwezi cengcelezo Zabantwana ekutiwe kwenziwt namacuio Lomcitnbi awubanga nakugqi tywa nge Cawa njalo, ekute ke wabekelws imini elandelajo ngokuhlwa. Le k< imini yebesilindele ngayo ukunyatelwa kws Maxamba ngu Ntambomvu ngokucuia Lwacula usapo Iwakwa Ntambomvu ; kut< kwel nye iculwana ndeva balikumshe, bat bakugqiba ukulikumsha balitolika. Ha ndingati ngazwinye aculile Amaxamba kodwa ebengaculeli Ntambomvu, libi ikwele Ibipata kukedama into ka Kale :

Utndakomnyama ongeva sepa,
Unomj ayi uwagqibii' amazimba.
Yintakani le inxibe ikola
Ngati ngumfundisi P
Untambo mumbo, untambo ntambo,
Yanga ngabantwana base Bhai
Bebbeka e picnikini.
Umbungii rnbungu, umbungu mbungu
Yanga bubele bama Weeile
Emlonyeni E'.xukwebe.
Zintilishwu lantonioa intombi zaee Bhai
Nga " Mvo " leyo ufik' ibutelana
Nezimilo zaz.o ?
Ngu xemba ka xolodi,
Umaturnbu ale hagu ngawako onke ?
Ngu i tanga zixananuzile,
Ukubek' ernlanjeni,
Ngu bafazi batez' ukani beluoekisa.
Au, nci betu, tyovityo.

*«#

Akwanceda nto wacula u Ntambomvu washiya kumdaka ugceemva, bezingxinini, bebleka intsini engapeliyo kuba kaloku umka nodnmo yena ; kekaloku ngoku sebe mana ukuti noko kuyazeka okokuba u Ntambomvu ngumutana. Zenimana nimteketisa njalo uyemka yer a, ekugqibeleni niya kubamba isisila sehobe, uyemka yena ukuba anivuki nilisuso el hlaZo, neyela ngu Ntam. bomvu. Pambili Ntambomvu.

Xa sina bantwana ababini abanesi sifo somqala asonwabi xa singenalo eliyeza lika Chamberlain Lokolilokohlo ondlwini, kuba amagxebekana ainbalwa alo anceda naxa sekunzima, Morrison, Cobo, Bud. Litengiswa ngu R. Lumsden Co. Co., Umpitikezi Mayeza, o Qonce.

J. W. GA RHETT A Co., Lady Fere.—Izitora zase Glen Grey, Impahla Z-hlobo aziteteki ubuninzi bazo—eziwufaueleyo umzi wase eikolweni. Ilokwe, Iprinti, Izambulela zelanga, Imiuqwazi, llesi ne Ribhiui, Izihlangu, njalo njalo. Ezimpahla zitengiswa ngamanaui akwa Komani. Ukutya, njalo njalo, kutengwa ngamanaui apezulu.—ADV.

Ukuba abantwana bako bakatazwa ngu mqala, kangela ukuqala kwaso ukuba sitshoto kwe lizwi. Ukuba ke eliyeza lika Chamberlain Lokohlokohlo ulinikiwe umntana esaqala ukuba sitshoto liya kumneeda. Nangexa eseside samngena esisifo linokumnceda eliyeza. Likwa luncedo ezingqeleni nokukohlcla. Iiitengiswa ngu R. Lumsden & Co., Umpitikezi Mayeza, e Qonce

Ikomfa yama Wesile

E Durban.

Usuku Lokuqala.

(ABAFUNDISI BODWA.)

Ite yakukov' ukumisela umongameli, njengokuba sabalisayo kwi Mvo yokugqibela, yangena emsebenzini wayo i Komfa.

IKOMITI.

Eyezibeno ne Mitandazo.—Ibe ngo Revs. C. Petfman, AV. Wynne, S. Clark, I. Dugmore, W. Cliff, no C. S. Lucas (ummemi), kwakunye no Revs. P. Mpinda, no S. Makhobotloane.

Eyokubala isiyalo kwi Bandla Elintsundu.—Ibe ngo Revs. R. Lamplough, P. Hargreaves, no T. Chubb, B.A.

UBUFUNDISI OBUZELEYO.

Ingxelo yabafundisi abasebekwel[1] bakala ileswe ngumlungiseleli wemviwo (Rev. J. E. Parsonson), kwagqitywa ukuba amadodana (4) aze abe sentla- nganisweni ye Bandla ngoko kuhlwa axele amava awo. Intlanganiso ibe yenkulu kwityalike ese West Street; abalisile ke amadodana—kuqale u Rev. W. A. P. Thompson, kwalandela 0 Revs. E. W. Coombe, W. Mears. J. W. Watkinson no Simon Msimang okunyushelwe ukubekisa esingesini ngu Rev. J. J. Jabavu. Uxele ukuba waye ngum- Moreviya ngokuzalwa, kodwa llizwi lamcana kwinkonzo yase Wesile, le ade wangena kuyo kubizo lobufund'si.— Kubekwe izaudla abatatu, walindiselwa ozayo unyaka u Mr. Thompson.

IZIMILO.

Akubangako zikalazo ngezimilo zabazalwana abafundisi kulo lonke elipetwe yile Komfa.

IMIBIKO.

Pantsi kwalentloko u Rev. H. Tindall uxele umpanga ka Rev. Wm. Sargeant owazalelwa e Salem ngo 1820, waqeqeshelwa ekoyikeni u Tixo. Waguquka eseyinkwenkwe, wangena ebufundisini ngo 1844, walatelwa e Bai, waba ngu- mfundisi nakwindawo ezinkulu ezinje- ngama Rini. Ngo 1853 utunyelwe e Xesi, waba minyaka mihlanu. Ngo 1879 walatelwa kona kanjaqo, wesuka kona ngo 1886 waya e Somerset West apo ate noko amdala waba nokuyifunda inteto yesi Bulu ngangokuba abe noku- shumayela ngayo. Waye ngumfo ozi- lungiselelayo intshumayelo engumshu- mayeli owamkelekayo, engumleseshi omkulu wenewadi ezinjenge Tiyoloji nezamabali ama Bandla. Ngumfo osimilo sasingasoleki nganto, etandwa ebekiwe. Wabuba kwanjengokuba wayenjalo ekuhlaleni, omelele enko- Iweni, enika udumo ku Tixo, eminyaka 75 ubudala, i 51 ebufundisini.

O Revs. II. Tindall, C. Pettman, no W. B. Rayner babe namanqaku abawe- nzayo ngobom balomfundisi besiti uku zipata kwake bekunefute kwabamaziyo.

Kufundwe ibali ngobom boinfi u Rev. James Lwana obube ekumnyaka wa 70, engomnye wabafundisi abatatu bokuqala be Bandla lama Wesile, omke enze imisebenzi elungileyo, escnzela i Bandla lika Kristu. Ixesha lake lokuhlwa laba leloxolo novuyo lokubona ubom bapa- kade pambi kwake.

U Rev. John Magaba wayeyindodana entsha, kodwa isimilo sake sawuvatisa umsebenzi wo Tixo no Msindisi wake. Waye minyaka 31 ukububa kwake.

Abazalwana abaliqela bateta nge- mbeko enkulu ngowabo abasiteleyo, abamzekelo batemba ukuba baya ku- wulandela.

Usuku Iwesi Bini—Umgqibelo.

ISUPAMINYANE.

Ikornfa idibene ngo 9'15 isingete umcimbi wabafundisi abacela ukupumla— o Revs. T. E. Marsh, T. W. Pocock, J. Allsopp no Petros Motshumi. Izicelo zamkelwe.—Samkelwe ngemihlali isi- celo sika Rev. W. Shaw Davis sokubu- yela emsebenzini ozeleyo wobufundisi ukuba ebepumle unyaka.

ABALINGELWA UBUFUNDISI.

Indidi ezintatu ngokweminyaka yazo ziqutywe amabakala ebulingweni.

Kwamkelwa njengabangena kutsha o W. Newton Norton, nabantsundu o Christopher Lubisi, Kali K. Ncwana, Warner Yako, Elias Mqoboli, Jonathan Motshumi, no Simon Nqana.

UMSEBENZI OMTSHA.

Isicelo seqela labasebenza kweze Lizwi e Kapa ukuba babe pantsi kwepiko le Komfa, samkelwe, umsebenzi lowo ube pantsi komongameli we Sakiti yase Kapa yama Ngesi.

Nge Sabata abafundisi bati sa kwi tyalike ngetyalike beshumayela.

Usuku Iwesi Tatu—Umvulo.

(ABAFUNDISI NAMAGOSA).

Intlanganiso ingene namhla sekuko nania Gosa.

Umongameli wenze isiyalo sokubulisa ama Gosa.

IKOMFA ELAN DEL AYO.

Kwamkelwe isicelo sase Kapa nesase Qonce. Zixoxwe ngobuzalwana, kwapunyeleliswa ukuba intlanganiso elande- layo ibe se Kingwilliams^wn kwangc- nyanga ka April, 1897.

IZIBHENO.

Kwi Komiti ye Zibeno nama Cebo kongezelelwe lama Gosa :—Messrs. C. Lewis, J. Tneophilus, J. Bisseker, H, Rock, A. Stead, A. A. Smith, Tengo- Jabavu, no W. G. Mini.

IMICIMBI YOKUHAMBA KWE LIZWI.

U Rev. E. Nuttall umququzeleli wale micimbi unike ingxelo eyalata ukuba umsebenzi osezandleni zabo ukwelama Qwelane waye upatelele kwa Zulu. Amalungu a 14,931 kwakunye na 18,881 asebuliogweni, 9,607 kwezabantwana iremente, baye abahambi tyalike be 165,443. Ute noko zininzi inzinia abantu baka Tixo bahleli ngetemba.

U Rev. R. Lamplough ulandele ne- ngxelo yendyebo angu mpati wayo, ate nokokusebunzimeni umnikelounyukile. Uncedo Iwase England luncipe nge £800 njengakwiminyakayangapambili ukuba lube £6,700. Uncome ukukululeka kwabantu abantsundu ekuroleni. lyo- nke imali nyakenye ibe £12,292, incito ibe £11,141, umneono £1,151.

UKWABELWA KOMSEBENZI.

Kulandele ukwabiwa kwemali zomsebenzi we Lizwi kwi ziqingata nge ziqi- ngata. ekute kwakuba kwesase Komani

U Mr. Tengo Jabavu wandulula ingxo- xo ngenqubo yomsebenzi e Tsomo. Wenze inteto ende eshushu esalata imfuneko yenguqulo ebufundisini kona ukuze umsebenzi uhambengokuzola na- kwezinye indawo.

U Rev. J. J. Jabavu ulandele kwanga- lo mpunga.

U Rev. R. Lamplough ubonise ngo- kwanda kwamanani eramente nawe mali, ukuba iziroro ezikoyo nge Tsomo azivakali.

U Rev. E. Nuttall utelele wafi akuko nanewadi ivela e Tsomo ikalazayo.

O Messrs. Duckies, Lewis, Peacock, no Bisseker bate mayibe iko into e Tsomo noko axolisilyo amanani, baxasa ukuba kumiswe ikomiti ike iyipande lento.

U Rev. J. Thompson waleke wati, oko waye ngumongameli waya e Tsomo, abeza abantu abanezikalazo.

O Revs. H. Cotton, no C. S. Lucas bate abako nakulipina icala kulomci- mbi, kodwa konke okuvakalayo kwalata ukuba kuko imfuneko ukuba kuciki- dwe.

U Rev. R. Lamplough ute lento yase Tsomo seyibakatazile akubonakali kuba ingancedwa nge komiti. Into efunwayo kukuba kude kufuduke umfundisi. Utete ngomnduluIi walengxoxo, (u Mr. ; Tengo Jabavu) ate uyazi ukuba akuqu- ' tywa luvo luhi ngakubani, kodwa umnqweno wokuba bapumle abantu Ngumgqweno wokuba bapumle abantu neremente yakowabo, unoncedo olukulu ngamacebo awafumane kuye.

U Rev. P. Mpinda ungqine into okuba akuko konwaba kwezomsebenzi e Lizwi e Tsomo.

U Rev. W. Wynne ute sebetabato :eaba elide (iyule ezimbini) kulengxo- o, yaye uinoya seungati muye ukuba ubeko into eyenziwayq. Lonto^ ke lokwenziwa ngabafundisi bebqdwa, goko mabagqitele kweminye imicimbi.

U Mr. Tengo-Jabavu uyibulele intla- ganiso ngokuwuxoxa kakuhle lomci- ibi kwakubon' ukuba ingxoxoibibambe kuba bumqubula. Ubulele amanene mhlope amxasileyo kanti ubengaka* ga wadibana nawo ukuba amxase. hnqubo yokuncedana enjalo eya kuba- ga ukuba umsebenzi we Nkosi uqube- e kweli. Walate ukulahlekiswakomzi gamanani ase Tsomo yakubon'ukuba mpi emadoda akona izimpanza. Ma- elana nemitandazo ute yacitwa ngu lev. 8. E. Rowe e Bloemfontein. Izi- elo ze Kwata ute akazibalele xabisweni ;uba umzi use bumfama, waye ukoke- wa kwangabafundisi abongamileyo. jendawo ubengayilungiselele ekuyi- idululeni, okanye ubengasakuvuma ikuba alekelwo ngumninawe wake mgxoxweni, (Kwahlekwa), ate uqutywe mbungxamo bobudyongo. (Isiqarala).

Kwaba kuyagqitelwa kwezinye imali. fonkc imini igqityelwe kumcimbi we- nali.

INTLANGANISO YE RONA.

Ngokuhlwa ibe yintlanganiso eshushu ca Rona abateti ingo Rev. P. Mpinda, Mr. J. Theophilus no Rev. P. Har- jreaves.

U Rev. R. Lamplough uwukutazc imzi ngokubonisa ukuba umzi uyahlu- ma. Ngokuncitshiswa koncedo Iwase England kuleminyaka isibbzo idlulileyo oable ezimaliui nge £25,000, kodwa umsebenzi we Lizwi kokona wandileyo wona. Ngeloxesha

Ukwanda kwamalungu................. 34,000
„kwetyalike 200
„kwemizi 650
„ kwaba fundisi 30
„ „ vangeli... ...^ 100
„ „ ntwaua bezikoi^^B,000
„ kwabe ze Cawa ..^8,000
„ kwabangenityalike ... 70,090

Inkongozelo yale ntlanganiso ibe £21.

Usuku Iwesi Ne-ngolwesi-Bini.

Kuqalwe ngoncedo Iwabafundisi abamivuzo bangayifumanga kakuhle kwi mizi yabo; pakati kwayo kuko Umka- ngiso. O Messrs. Duckies no TengoJabavu babonise ukuba ubupetwe kakuhle Umkangiso ubungewupu- melele.

Kuqutywe kwa umcimhi wokwabela llizwi.

ISINALA.

Kungenwe kumcimbi wokukangele- Iwa kwe Sinaia.

U Rev. J. Thompson, M.A., wenze ingxelo ende ngembalelano abenayo no Dr. Muir ngokuncipisa uncedo kwi Sinaia ezininzi alungiselele eziyakufu- ndisa ubutitshala kupela.

Emva kwengxoxo ende kunyulwe i Komiti yokukangela okungenziwayo inike icebo ngemini elandelayo. Lo Komiti ibe yengo Moogameli, no Mbali Komfa. Revs. J. Thompson, M.A., R. Lamplough, T. Chubb, B.A., S. Clark, C. S. Lucas, Messrs. Duckies, TengoJabavu, no Jojozi.

Ngokuhlwa kudibene i Komiti yo- kwaba abafundisi, neyezibeno.

Usuku Iwesi Illanu—ngolwesi-Tatu.

I Komiti yokwaba abafundisi ayi- banga nakwenza ngxelo ngenxa yoku- wufumana umsebenzi unzima.

ISINALA.

I Komiti ebimiswe inike ingxelo (a) erorela iuqubo ka Dr. Muir maye- lana ne Sinaia—ngokukodwa ukuziqu- bula. (5) lyaleze intlanganiso yabc- ngameli bonke be Sinaia ngo June, abayakunika amacebo kwi Komiti enkulu yemfundo eyakudibana no Dr. Muir ngalonyaka igqibe imicimbi ega- meni le Komfa, ikangel® nezinye izinto ezingemfundo zabantsundu.

Lengxelo yamkelwe. Ngecebo lika Rev. J. Thompson kunyulwe i Komiti enkulu yemfundo Umonganeli no Nobala we Komfa, Revs. E. Nuttall, J. Thompson, no Hon. J. M. Peacock, M.L.C., no Mr. Tengo Jabavu.

Kulandele umsebenzi wokwabela Isinala.

Ugqityiwe umsebenzi wokwaba kufunyenwe ukuba ityala liyakuba £2,000, kwabuya kwancitshiswa ukuba libe kwi £600, «kuyalezwe e Bandleni ukuba longezelele iminikelo yalo ku Rona nge £1000.

Omnye umsebenzi ube ngowokuqulu- nqa into ze Komfa, ogqitywe ngolwesi- Tatu, 29 April.

Ukwabiwa kwabafundisi.

Umcimbi wokwabiwa kwabafundisi upunyeleliswe ngolwesi-Bini, 28 April. Kubafundisi abaya kwimizi emitsha sibalula abaCapetown, E Nuttall; Simonstown, W S Caldecott; Salem, J \V Thompson ; Barthurst, T D Rogers, (Kuntsundu) John Masiza; Port Elizabeth, J Metcalf, W Evans; Uicen- hage, T Roper, (Kuntsundu) Silas Magau; Steytlerville, R R Miller; Graaff-Rei net, Wesley Hurt; Cradock, J Mkosi; Somerset East, W J Hacker, (Kuntsundu) G Mbongwe; Fort Beaufort, S Barrett Cawood; Perksdale, J Ncalo; Queenstown, John J Davies, (Kuntsundu) E Magaba; Lesseyton, E Gedye; Cathcart, G H P Jacques; Mount Coke, J P Back; Tamara, C Mahlutshana (oyakuba yi Sbalndente); Tsomo, C S Lucas; Emqekezweni, (ku Dalindyebo), J Menye ; Enyanisweni, J Nomvete; Fletcherville, P Sepamla; Matatlele, J Ngxola; Kokstad, C J Hepburn; Eludeke, P Keswa; Palmerton, W S Davis; Bloemfontein, G A Theobald; Fauresmith, (Kuntsundu) J Motshumi; Bensonvale, W Baker; Winburg, N Matsepe; Kroonstad, Melke; Durban, James Scott; Verulam, P G Mtembu ; Pietermaritzburg, J R Saunders; Edendale, J F Rumfitt; Stuartstown, Simon Msimang; Evansdale, W M Douglas, B.A.; Newcastle, T Oldman; Harrismith, A Graham; Beaconsfield, WAP Thompson.

AMANANI EZINTO.

E QONCE, 30 April.—Ibhotolo 6d uo Is 3d ngepouti, Amaqauda Is ne 2sihbz.ini, Ibabiie 7s 9d no 9s 3d nge 100 iponti, Itapile 10s nge ICO leponti, Inkuku lid ne Is 6d inye, Amadada Is 71d ne Is 8d lili- nye, Amatanga Is 5d idezini, Inkuni 6s 6d ne 27s ngeflara.

—o—

IMARIKE E RINI, Ngolwesi. Bini, April 28. — Ibhotolo 1/ no 1/9 iponti, Amadada 2/G ne 2/8 lilinyo. Amaq^nda 2/4 ne 3/1 idezini, Ihabile 7/6 ne 8/3 ngekulu, Inkuku Is ne 3/ inye, Inkuni 10/ ne 25/ ngeflara, Amazimba 11/ ne 11/6 ngekulu, Umbona 13/6 ngekulu, Itapile 8/6 na 18/ ngekulu.

—o—

E KOMANI, 25 April.—Ibhotolo 9d, Is 3d, onetyuwa 6d ne 9d ngeponti, Irasi elu- hlaza Is 6d no 2s 6d iaezini, Amadada Is no Is 3d liliuye, Amaqanda 2s ne 2s 6d idezini, Inkuku Is ne Is 6d inye, Ibabiie 10s 6d nge 100 leponti, Umgubo ongasefi- weyo 30s nge 100 leponti, Amatanga 2s 9d idezini, Ikwakwini 3s 9d ne 7s inye,

Ipopa lase Darlington, i *Journal* Jiteta ngeyeza elazekayo liti: " Siyazi ngokwa- mava ukuba iyeza lika Chamberlain le silo samatumbu, isisu, noxaxazo, kupela kwento enokuzinceda. Kukabini litinte- la intlungu ezinkulu, layo ke ngokwe- njenjalo lisindisa ubom ekufeni ngebaqo. Asingeze sonwaba ngokuhlwa singenalo endlwini." Eliyeza ngapandle kwenta- ndabuzo lidambisa intlungu ngapezu kwawo onke amayeza eblabatini, India nganye kufuneka iligeine, kuba liya kufuneka nokuba kuninina. Litengiswa ngu B. Lumsden & Co,, Umpitikezi mayeza, e Qonce.

INYANKO NGE GLEN GREY.

[D. GUDULA.]

Ndakubon' ukuba andifilo, nditateinyawo njenge kakade lam 'okuvelela aba Tembu ngemicimbi engonanto nabani ngapandle kwam ndedwa (sain f). Kodwa ko ndidibene nezihlobo endite ndacela ukuba zindinyanisele nge Glen Grey ipela nangezinye izinto eziugaluncedo kwimpokela ezintsiindu kwelimiweyo lipela. Ukwenza ulwandyula Iweuteto koti manditi ndibonakele kwa Ndlovukazi apo baxele ezesikolo esitaha esiya kuhamba ngegama loknba "Sesomzi kaloku," (Public Schoo!), kuba banyaniselwa abaqubuda ngobu Wesile kona ukuba abanalungelo emhlabeni wabatundisi wesikolo (Rona) njalo njalo, kuba la ngamagama obizwa ngawo umhlaba wolohlobo. Yindlu entlo abacinga ngokuyivula kwakutsba nje. Akuko Tiyo-Eiya kona, uowokubika ocinga ngokoquuda ngalo nkonzo, Basaqubuda kakuhle etyalikeni yabo. Imbanjbano yona ngo mhlaba imi kakubi. Amehlo amadoda abomvu ngokulindela wena Mhleli ukuba uyokuwacazela amabango abo, kaloku njenge sitembiso.

Ewe, ngokubon' ukuba andifilo kaloku, ndashukuma kulo lonke ndasesolelela ngase Glen Grey, koka Kalipa, nditeta u Nondlela mna, u Stephen beno Mr. Headman Teka wase Mgqukwebe, ndaba yala kona ukubabuza oku ngokucokisekileyo, ndomelczela nge Kantsele. Bate: " Yati ingekabiko i Kantsele kwako aba zimisele ukungayamkeli, bayicaso kude kuse adlakeni, ekubeni bebonile ukuba ayibancedanga nto lonto yapumelela i Kantsele, barole intlondi yokungqina ubuxoki ngayo kwaba ngekatunguiuli, kuba ekuchasoni kwabo ucando kwatiwa mabahambe baye e Bhakubha. Kwaba njalo ke.

—o—

Indawo yesibini yiie, iziroro abazizisi e Kantsileni, balila bekude. Akuko mntu wokuba kwelela ihashe ke ahambe ebuza ukuba wena nkosi yam urorela ntoniua. Zonko iziroro zmokupicotwa yi Kantsele, kuba inje nge Divisional Councils ezi kanye zabelungn qa ke, akuko nto ngapaya." bi dive udeva ndabon' ukuba (kuba ben ding? file) kuyintshotspo kwabe Kantsele ukupalaza isiroro kwi Mvo endaweni ye Kantsele, basuke sebekuyekela kwi Mvo ieyo ukuba ikuMtes^ibek'e ke ipelile into ebitetwa.

Hai ^xufeneleka wakuzibcu' ungafi kuba kaloku mfondini ndiflke belila zi mokolo ngaleudlela. Ontsunduuti kanli unesife asitandayo njengokuba amasimi ngokobulali, aye ati sa nje, ekuti ke akufika u Tobigunya empa imokolo ngokomteto, suka nqo ! umntu, ndifuna lendawo, isuke ke ibe mokolo mbini nantatu, ize akale ke ngoku ngesibonda ofe Kantsele! namakumsha! Bambi boyiswa sesibhozo abasigqibi ukusilima; bambi akuko nto iyintsikelelo njeugalo mteto; bambi basikelwe ngapa ekutini, pofu indoda imi ngapa, ilale endleienixa iya emasimini. Kwak!

—o—

Amadlala alomteto izidenge zicinga zona ngokuba anokukutshwa yi Kantsele, kanti ke akunjalo. Apo into imbi kona, endingawafihlelanga mna amauene asixenxe eke ndateta nawo, udite i Kantsele yenza kakubi ukungahlokomisi kwi Mvo efundwa ngumzi ngetuba lezikolobho, kuba ati lamanene akuzange kubeko sieelo santsundu ngapandle ko Nondlela. Wamampunge ke lonto kamampunge. Kulento i Kantsele yenza ihlazo elikulu kunene, ebekungakuhle ihlale entiakantlakeni naselututwini ililele esisono, kuba zinje ukunqaba izikolobho kubafana abafundisiweyo, kuba baninzi bona kakulu kulo lonke bangavela nje ukuba kunqangazwe umemezo.

—o—

Kekaloku ke imisebenzi ye Kantsele logama ingekafi yiyo le: Abantsundu bentlobo zonke banokutya badekelwe itafile e Xonxa nase Cacadu ezihoteleni, balale nokulala ukuba bayatanda. Indlela ayintle ngako ngokunje ipstwe ngu Mr Road Inspector Kalipa. Ibloro epezu kwe Xonxa yonikwa i Kantsele yakugqitywa. Into embi kukufeketelwa komzi ngabanepokisi e Glen Grey, babiza inyama, ikofu, nezouka, namacuba emziui kuba bevalelwe ; bafuna ukwaluselwa, balinyelwe, beuzelwe nezinto ababenga teni zizo. Ipokisi i-.e yeyama Hala nama Gcina,

—o—

Nakuba bengaziboni bell io aba Tembu, abacingi nokucinga oku ngo Manyano Iwemihlaba nama shishiui olumenyezwa ngabase Qonce; ngokuti tina base Qonce, mpi ifundileyo, sinobuqopololo. Kwavela abatile e Bhai bashumayela lenkouzo yo Manyano ba^omela, yako imali yohamba becazela umzi yanqapazeka kodwa eyokwaba itikana zamacuba nezinye izixingaxinga. Bengekavuni nto e Bhai abafuni nokuzidibauisa oku nati ngonapakade; batsho ke mut indini ndibavumele nam kuba andikabon' ukuba ndifile.

—0—

Abatembu bona balumkile kweziya ntaba da kuba bati abacingi kuzidibanisa nalempi yase zantsi nango zeko kuba indoda ibizwa isifalafala sekazi, isikizi ke lonto kubo, kwakubon' ukuba intwazana ezi zintle, zifuudile,—zingamavila, azikwazi kuhlakula ; kuba kukntelwe mfo yimpi yase tyini kwelo. Zititsha paya ezatu zibuye nganeno koyolo lokufilishw* ngenxa yenkomo, nokucela lento naleya kwabakozi bmgapantsi okubeta indoda iqalekise umhla eyatata ngawo intwazana yeli. Lenkonzo yilah eko kumtinjana kubi uyaposwa. Yilahleko kwakona kuwo kuba impi yeketu naanje ese Glen Grey ifilisha kona lapo yonke Nokala! ipepa inkomo. Azi ke zopembela baniua ezintombi zenu mpi yakwa Ngqika kuba ndoba ndingekabon' ukuba ndifile.

—o —

Ene, umnxilo womnxilo mtaka bawo nango e Lady Frere. Undibona nje ke ndalivelela kanobom elilizwe, ebomini bam andizange napakade ndiyibone into yokuti amapolisa ete gxogxe ezomsebenzi ese matyaleni esaba itaitile ufike equma gadalala onke. Kanti ute kum owakona ndakuyitela nqa lonto: wak' uze apa ngo Mgqibelo uzokubon' intw' ako! namhla ngentlanganiso zonyulo, namhla nge bhatala ! Utsho wati intla nganiso ka Dr. Smartt kutsha nje yava-Iwa ngesimatontsi abauzi ngenxa yoselo olunamandla. Kwabe Tempile ke nantsi indawo yomsebenzi mabandiyeke mna baye e Cacadu. Kunzimaapo, Bahlalele ukubon' ukuba bafile!

—o—

Ndakubon' ukuba ndifile, andikukatala nokukatal' oku yintu engatetwa ngaba Tembu, ngati lendawo yokuba bakoyika njengembembetshaue ukuba kubonakale into ebugxeke ngabo epepeni. Omnye | umfan£ waya epepezela kwinene lase I Maxoseni elikwelozwe wati, ubuve nga- j bani ukuba bendiko kwababafana bapo- | xwe zintombi babaliswa epepeni ? Lowo | upulule isilevu kuba unaso ke kakulu | wati: Andazi nto nvalonto bawo, buza ku | jabavu.

—◦—

Ene, wakubon' ukuba umana uko aku-) file ungatinina ukuti yiza ubone kungabhekiswanga nelimdaka ? Kanti kemnu , mzetu ngeny' imin' apa eba Tenjini ' intlabeli yagutywa izihlandlo ezitatu ! liculo etyalikeni, umzi uko ku nene, kute | ngesesine yavakala isiti: No, no, it's a least common denominator ! Kaufanise apo ke ml' etu, ukuba kukutinina. Wada wancedwa ngumlundisi. Ucinga ngokuti ^fBs^nzo njengokuba imguba nje wayiy^ca? Wakupik' ubhene, kumaxa"aziva enyanzelekile" ukuba ahlabele kuba akakabon' utile kaloku.

—o—

Kutiwe kum iramente ezintsha zabantsundu zintatu. (1) Yi Tiyopiya, enkulu ingu Rev. Mr. Mangeua wase Pretoria, (2) yi African Society, eukulu ingu Rev. Mr. Goduka, (3) yi American Episcopal Society, enkulu ingu Rev. Mr. Dwane. Ezi zimbini zokugqibela bate ziginywe yeka Mr. Maugena, Andazi nto ke mna kuba andinanto kaloku, zilungile nokuba •zimhlambi wanta, kuba lomadoda acingile, abone kubhetele ukuqubuda ngalo nkonzo logama angekaboni ukuba afile !

—o—

Akubon' ukuba akakafi omnye umfundisi walamahlelo kutiwa wati xa apezu kwenqanam lokutshatisa umramente wake: Imantyi yase Gala yati maze ixelelwe imbambe; uhletyelwe, waba ke uyasinda. U Mr. Levey uti akawafuni lamahlelo kwimihlaba yezikolo zase Tshatshi, Rabe ne Wesile, uzimiselo ukubagxota. Andazi nokuba lonto intle kusinina kuba y imantyi yena. Audikatali kodwa mna kuba andivotani nazo zonke. ndigcine eyam ukuba nga ndinendawo ndiqubude kuyo? ndingekabon' ukuba ndifile nje.

—o—

Ene, ugayo lumandundu eba Tenjini yimiqodi aba Tembu ukuya e Rautini. U Rulumente usebenza ngo Mr. Soga; ama Pelem akanaxesha lokupefumla no Mr. Cox, Platb nabelungu bevenkile lixishini kubi. Kwa Komani kuko inteto epantsi, kakuba u Rulumente uyawa yintonina yena kulento uknpans[1] umzi isonka. Ngati amalungu e Pa'amerne yintonina yena kukento ukupanga umzi isonka. Ngati abelungu ePalamente amole lomandla akuke avipeqeirm lendawo. Kuhle kakulu yinkonzo et *m.lekileyo kanye ukuba umntu akubor,' ukuba utile angazibhali ezizinto, kod va xa asaman' ukubon' ukuba uko makarwece beve bouke.

—o—

Ene lointeto waso Glen Grey nibi kakulu nakwabasebo candile, njeugaku Bangindlala kuba baposwe pantsi kwawo ngerafu yamavila, neminye imigaqo etile. Ongena mfazi akanalungelo ie molgweni, kufuneka umfana ezekile tanci. Njengokuba u Sagodini no Sir James bete nje bacinga ngokuwuquba nakwezinye indawo, kufuneka abase Mkangiso, Nxnkwebe, Tyume, Mgwali, Ncemera, njalo-njalo, bendwebile ngoku nje, bengekabi pantsi kwetunzi lokubon' ukuba bafile.

ABANTU NGABANTU.

AMALUNGELO OMZI.

MiiLEm WE " Mvo,"—Kaundifakble le migcana: Umbhaleii waso Lovcdalo kubonakala ukuba yena ngenxa yokuba bengxamele iziza zase gcegceyeni ngoko netyalike bafuna ilapo. Asiloluugelo lomzi, leleziqu zabo. Tina siyazi ukuba ityalike yaba sendaweni yayo kade.

I"Xegwana" liti makwenziwe intlanganiso; lomfo ugqibe ipepa ngenkunkuma. Lomntu uyakuba ehamba ezentlanganiso uyakumtabata pi? Kuynsotyenzwa, akuko xesha lokuzula. Uteta nangepepa le "Bala le Cawa," i "Xegwaua " malilenze elopepa ukuba lilingxamele, " soyicela ivutiwe ! " Mna aba babbaii bazibiza ngokutanda uhlanga ngati ngabantu abazalisa izisu bongena msebenzi, bafumane babhale nje. Into yabo kuloqa izinto, bangado benze nto, " by deeds, not by words ! " Ngati ukunceda uhlanga kukubhalela kwi Mvo, yena osebenza nje owake umsebenzi akazelwe nto. Umhleli ekuteleleni le ndoda uti, makuqalwe ngezokulesa IMVO. Ulnmkole epambi kwake into. Epandela enye yeuetole Mr, Jabavu ! Hi?—Owako ngeneue,

TUNYISA NDUNGANE.

Sheshegu, 13 April, 18G3.

IRAMENTE NOLWALUKO.

NKOSI MHLELI,—Ndivumele keudenze abe mbalwa ngalentu ilusizi eyenziwa ngabantu abadala betyalike, ete yandidanisa kakulu, yandivisa ububi kanjako, ukubona amakolwakazi ebambe ingqoboko ngesinye isaudla ubuhedeni ngesinye. Bendiugacingi ukuba kuleramente yaao Dikeni kusenokuti abantwana bamakolwa bakwaluka bakelwe izindlu endle, bakutazwe n .ohlobo olunjalo ngabazali. Lonto ndiyibone apa kwa Gaga izolo, intokazi bezise sibbozweni ebezisaka indlu yomutana wekolwa owalukileyo. Kendabona into entle oko bendise Bhofolo kwi ramente ka Rev. Mr. Wauchope, apo bekuti ukuba umzali ufunyenwe elikutaza isiko lokwaluka akutshwe, umhlaumbi anqunyanyiswe ezimfanelweni zake. Bekungebi kuhle na ku madala namadikoni ale ramente yase Dikeni enze imiteto eyakunqumamisa lenkohlakaio, imiteto elolublobo:—(1) Amakwenkwe azalusiieyo ahiale emakaya ; (2) Augaqabi futa, asebenze, atye kunye nenye intsapo. (3) Angatengelwa ngnbo zintsha akupuma esutwini; neminye ke enganqumamisa lenkohlakaio. Lento yolwaluko yenye yezintG ezisetyenziswa ngapandle kwexhala apa kwa Gaga, kangangokuba kusale indlu ibe qa engalusiyo.

OLILAYO.

Gaga, 15 April, 1896.

NGE BHUNGA LASE GLEN GREY.

Tobani igazi mzi we Nkosi, ucando Ingqite kade, into esekukuyo ngoku kukwamkelwa kwe taitile ezifika iveki zonke, kuhleke kuba kubonakaia ukuba abaninizo bayazamkela. Indawo elile-Iwayo yeyokuba umhlaba inncinane, uzi mokolo ezine kubantu abakulu, ayizange ipikiswe bani. Asingepiki nabantu abacitakalayo ngenxa yendlala kuba iianga libaiele, akulinywanga ngabamihlaba mikuiu kwanjeugaba mihlaba mincinane, baye abacitakali besiya e Gqili apo umfana ka Komana akona bayayilahla imihlaba, bayayishiya nemikulu. Ab.snye eiteta nje bayabuya e Gqili, batike amagada ehlaba nakona, babona ukuba akuko kufa kuhle, Malunga nendawo ye Bhunga oka Komana ati—liti i Bhunga inakangazibbengezi iziteto zo Bhunga kuba zinamahlazo, andiwazi mna lomahlazo kuba nase MVENI apa akawaxeli, woda awaxele. EH Bhunga lase Cacadu liti mhla liugeneyo aluvalwa acango, bayangena bonke abautu abatandayo, uokungatunyelwa epepeni kwenziwa bubuqitaia babafana belilizwe, nabangenayo bafike bahlale langabi naziudawo bazitatayo bazitumele epepeni. Into endiyihonayo mna umfana ka Komana kwoli Bhunga akako amanene awayenga kungangena wona, Yiyo lento azamana ne Bhunga ; kanti ke lamanene awafunayo oda abuye angene i Bhunga eli, aliyindawo; noka Komana makabuye e Gqili elixesha leli Bhunga liza kupela ukuze alunge ukungen'a, makabuye eze kowabo kwa Sibeko. Taru, xwele elikulu le Mvo ngokuntyuntya kwam kangaka.

H. KALIPA.

Macubeni, 14 April, 1896.

UHLANGA KU NTSUNDU.

NKOSI MHLELI WEPEPA,—Camagu Sobantwana, taru mdaka ka Jabavu, ubancinano abamtandayo u kanti baninzi abamtiyayo, undabek'isandla kwintamo ye Nkanunu e Kapa kwakutuka, kauvule ndenjenje kumzi wakowetu :—Beke ndati kwakona ndivuselela uhlanga kuba alopanga, ngani ukubhala inteto engena gama lamtiiniyo kubi. Kuqala kaukangele inteto zamanene azibiza ngo Mkangiso, isikula endasiva ekudeni, kunanamhla kusatetwa ngaso; lamadoda ati azalwa kona ezama ukusivusa sibulawa butywala (kanti mhlenikezweni wafika u Sa.ana ku Efa wi zenza inyoka). Lamadoda mabini kodwa Mkangiso asiugawona la abuiala lomzi? Mua ngenteto zawo ah'.onipileyo ukubeka amagama awo anga aqalekisa izenzo ezabe zisenziwa ngumfundisi obesakuba kona, zanga zipembelela zivuya kuba umzi usonakala namhla ungapetwe ngabo, zanga ziti soke sibone kwi dyong-span eyabonwa ngoka Ntshiyana (Lloyd), Hai bafo base Mkangiso andilazi elozwe, nize ningahlatywa yimikumbulo, mna andizazi ezalapo, kodw[T]a inteto engena gama indixelela njalo. Ndibuye uditi hai inteto engaka epumekumntu ote " Ulixegwana lakwa Ndlambe," inteto yake kum iyinyaniso, kanjako bangavela abangampikisayo abaiunda ubugqweta bengekazi incwacli, ifuna umntu onengqondo yokuvela, aze afundiswe. Nam ngendiba bendimsekela kodwa ngenteto ebupukupukura ngokuswela umniniyo, hai andisekeli ade abeko igama lake. Kaukangele nawo " Xego," lento uyenzayo ifuzisa esenziwa ngu Judas. Wena ngoku akungcatshi Ntsunduna lento uti iuteto yomzi wenze isikwenkwana. Puma, puma kulomasiko abafana, kaukangele amadoda afungela inteto zawo : Z. Rani, S. Govo, N. Falati, T. Nqandela, J. S. Sibeko, namanye amadoda ebandla, Xola ngokukudla ixesha lento iyawonakalisa umzi. Gqibi ke. Owebandla,

J. B. MGWEBA.

Leeuw Kraal, Basutoland,

April 11, 1896.

AMAHEBERE.

NKOSI MHLELI,—Imbeko nodumo kuwe nakumanenekazi namanene ezwe lakowetu alemvaba. Nantsi into ke, ndifuna ukuva nokwazi okokuba ngumahluko mnina ngapandle kwebala okoyo pakati kwama Hebere nama Afrika asezantsi kuyo, kuba amasiko apantse ukuba ntonye. Ndisakuke ndidwelise ngalendlela : (1) Tina ma Afrikakuqala or ngapambili sibe singabafuyi bempahla njengama Hebere, kuba ebenjalo nawo sakuva Ezibhalweni Ezingcwele, ebesalnka nje ngokuba kunjalo kuti; ebekatalela umntu wase mzini njengokuba kunjalo nakuti; kwakubhubha umntu bokuzilwa ngokunqutula or ukuguya inwele, nangokwainbata intlaka-ntlaka, nakuti bekukwanjalo, namhla siti jize umnqwazi ngelapi elimnyama nokuba kuse mkonweni webhatyi. Bekusiti ukuba intombi yoniwe izigalele ngotutu, nakuti bekukwanjaio, kude kucitwe nompambili wendlu yakulo monakalisi lowo. Bebe bekwa abazali kangangokuba unyana obete uyise or unina anqunyulwe isandla sake sokunene, ukuba linxele esokohlo; namhla onyana betu baxhomana noyise nonina emagantolo; ukuba kubikwakuvakala into enjalo. • Kwakona inteto etna Jodini ibigqityva ngemibuzo, kwangokunjalo nakuti; ama Ngesi siyawaxaka ezi ofisini wakupenduia ngombuzo; kanti sakukangela um Juda omkulu—u Yesu Kristu, simfumana eyikolise nge mibuzo egqibayo inteto yake, futi nafuti eyigqiba ngombuzo. Siti sakuti kulempi imhlope: X'utiniwena? kutiwe pendula umbuzo, kanti um Afrika uselegqibile ukupendula engati uyabuza nje. Nditi ke mna asikudo kuma Hebere; singade sibe tina simuyama ngebala, nantsi kodwa yona imikwa namasiko ezontozinye, ziy 'f.ma kcmacala omabini. (2) Imbede- slio tiua kwasebuhedenini betu sabedesha into obumova—umshologu; ke xa sibe sibingelela bekugeinwa igazi lifefezwe eludongeni Iweudlu nase^ migubasini, laye igazi iyinto enkulu. Kutiwa abam- hlope bfebe bingoloia ngomntu abulawe, atshiswe ngomlilo. Tina nama Hebere besingenjalo, Masendisiti ke mawetu tina kubonakaia ukuba sasibedesha u Tixo opilileyo saza salahlwa ngum Tyoli wati ikwanguye umoya, kanti ngumsho- logu. Ndifuna ukuba nindixelele ke mawetu umahluko pakati kwama Afrika nama Hebere ukuba yintonina. Uxolo ngokumka kwam kangaka. Ndim,

M. S. E.

NGENTLALO EKUKUYO.

NKOSI,—Nditemba ukuba wondinya- mezela, kuba udanditembise ukubuya ndivele—namhla ndifeza eso sitembiso. Pambi kwento zonke intlalo ebesikuyo nesikuyo namhla, nesisayakuba kuyo, ibiyiyonanto yetu ukubonisana emasi- kwenzo imihla ngemihla; Nditsho IMVO NELISO LOMZI izibopelele apo, kusoloko amandla iya kuwanikwa siti.

I " Xegwana " elidala litsho kwizinto zengqondo kuba libonisile kuqala laza lalata emakwenziwe ngomntu, yabe ingowona mongo wokuteta lowo, avele okupikisayo kulonto walate kuyo. Uku- tsho mawaba nditi masiqwalasele le ndawo yokuba singumzi opantsi kwe Nkosazana, asigqiti; kutembeka okokuba kade kuvutelwa ixilongo lokugqibela sipantsi kolulaulo. Ke kuyimfantlo ukutelela ngendlela zonke, ngakumbi oyokuwunqabisa umzi esipantsi kwawo ukuba ungangeuwa zezinye. Kanjako leiinye isebe lomsebenzi elingeze lipeie kuti bantsuudu. Makakumbule amawetu iuteto yomfundisi ongumhlobo wontu- ntsundu, u Rev. J. Pritchard, xa wayeteta ngalo loliwe ukauleziselwa ezintlaugeni esiti, kubonakaia ukuba indoda izakuse- benzela ipeni (4d) zone ngemini. Ngoko ke umzi ontsuudu mawufakane umlomo ucele elisebe lokuhlomela imikosi ye Nkosazana elingasoza lipeie. Fakanani imilomo pezu kwalomcimbi mawetu, yininale! Ndobuya ndivele—Owako,

ZANGODO.

Goshen, 5 April, 1896.

AMAWETU NOKUTOBA.

MULOBO WE "Mvo,"—Nceda ubhale apo ubhekise ku ramente zase Wesile uti kuzo masifundo ukubabeka abafundisi betu ukuze sitamsanqeleko tina bantsu- ndu ; kuba xa siugakwazi ukubabeka, balilishwa kuti abalilo tamsanqa. Ndi- bhekisa kunike ramente zase Wesile. Ningabompeudula ngamandia umfundisi entlanganisweni, tetaui naye kakuhle, ngu yihlo umfundisi lo. Ndiya nicela ukuba nize niyifunde lencwadi ramente zakowetu, Nokoke namhla andinibhaleli ngaratshi, nangamsindo; nani niyazi ukuba ndingopantsi kwenu nonke, andi- funi kupakama, nendawo zabafundisi andizifuui, nezabakokeli abakulu andizi- funi, ndixolile apa. Lencwadi ke ndiyi- bhalanje nditi kuni ramente zakowetu fundani imikwa yama Ngesi; umpati wo mkosi uba mnye kuma Ngesi, umpati wesikepe ubamnye, aviwe ke ngabo bonke abantu abasesikepeni. Fundani apa, —kaujalo ke iuqwelo yomlilo ipatwa ngumntu abemnye ukusuka e Bhayi isiya e Dayimaui. Nditi ko ezizinto fundani kuzo, uanike umpati mikosi yakwa Tshaka waye mnye. Masibavu- mele basikokele eziutweni zonke abafundisi betu ukuze bomelele emsebenzini wabo omkulu. Ndiuicelile ke ramente zakowetu, yifundeni lencwadi ezintlanga- uisweui zabakokeli. Enye into nantsi ramente zakowetu, nditi kunganjaniua isisenza isicelo kubongameli sokuba abafundisi abantsundu mababohlala imi- nyaka esixenxe, kuba tina bantsundu asifuudile njengabelungu. Nani niyazi ukuba sifunda ngokupulapula xa atetayo umfundisi qake. Mfo we Mvo nceda ubaqondise ukuba udiyabuza njekodwa kubakokeli bam, kurainente zakowetu ngokuzitoba, audinigwobi ndiya nicela ukuba nikangele lemiuyakana mitatu or mine, ngati mincinane. Uxolo,

THOMAS NGXWASHULA.

UBUNENE, ISIVATO, UTYWALA.

NKOSI,—Nceda ufake letnigcana yam. Ubunene yenye yezinto ezisawuxakileyo umzi wakowetu ontsundu, ngokukodwa ulutsha, ekude kwasuleleka nabadala ababeqouda ngemihla yabo. Ngati mna ubunene kukuzitoba, nokoyika ihlazo, neutloni, nokungatetateti, nokutembeka, nokugcina msulwa igama lako nelika yihlo. Ke lento yapazamisa ubunene eluhiangeni mna udazifumana zimbini, kuqala yimfundo, eyesibini sisivato esi sasamlungwiui, ezonto ke xa uziqwalasele ungafika ziyingcambu yoku konakala ngenxa yokungaqondwa siti luhlanga, kanti zilungile xa zipetwe ngendlela yazo. Sezide ke ezizinto zimbini zazala onyana bazo—amagama azo ngo: Ratshi, no Kuzipakamisa, no Ndywala, no Kuzi- ncoma, no Kudela, no Buntu, no Ndizi- pilele, no Kuzidla, no Ndilumkile, njalo- njalo. Kwaye ke kwanamanjaqo ndiba- pikisa abo bati imfundo ayilunganga, njengokuba kudume oko; nditi mna ukuba umntu wazalwa enesimilo esifa- nelekileyo sobuntu imfundo incedisa esosimilo ukuba somelele, kwanesivato ngokunjalo kuba nobuxumbululu kuku- swela isimilo abufuneki. Yaye lendawo ipazamisa udodana izezindawo ndizikankanyileyo, kukuzingca ngokuti ndingu- mntana ka sibanisholo nokuba ndiyasela utywala bomlungu kuhle kuba ndiiinene umntana wodumo; kuba abanye bahe- ndwa yilonto koludodana lufundileyo lunxilayo : inge ukusela sihombo semfu- ndo, nobuntwana bodumo, nesivato kuba ungafika behombile. Manditi balingaae bam: bendiugati na mna ndingumzuku- Iwana ka Gotyi nje, inene lase Magqunu- kwebeni elaziwayo, kanti ndozilahlela etywaleni ngenxa yalonto na? ndibe lonto yondinika ubunene na kunye ne- ntsapo yam iyokusifumanisa esosimo? Napakade. Ngati mna ngulowo umntu uduma ngesimo sake, kwaye bekungafu- neki nokuba anikwe ubunene lowo uzonakalisayo, kuba ingulowo eyakuzipe- ndulela ngokwesimo sake naseluvukweni, njengokuba abanye isivato esi sibenza bakukumale bengenayo neyodwa into yokubagcina, kanti bambi abanayo ne nkuku le imbala. Ndisitsho nje ngezi- ndawo ndibona kusanda esisimo ngokukodwa kwabafundisiweyo, kuba kaloku besiti b ivazi pezulu napaotsi, kanti mna ngati kuluugile ukwazi aze umntu aku- landele ngendlela efanelekileyo. Lumka- ni madodana balingaue bam ezizinto zibububi nengozi kuti kuba aziyikusa- kela mzi, kaloku nani niyazi. Mandipele, ndobuye ndivele.

JONATHAN NANGU.

Amatole Basin.

The Native Opinion and Guardian

THURSDAY, APRIL 30, 1896.

THE WEEK.

SEVENTEEN branches of the Loyal Colonial League have now been established in the Frontier districts, principally among the stalwart farmers, and there are no signs of the movement languishing.

His EXCELLENCY Sir Hercules Robinson has been asked by the Secretary of State to pay England a visit. It was not until it was ascertained that Mr. Kruger could not proceed to England that the Governor was asked.

CABLE news has been received announcing the death of Sir Henry Parkes, the famous New South Wales statesman.

THE Cape Ministry are reported to ' have differed on the question of the , bringing over of the Imperial troops . into this country ; Sir James Sivewright and Dr. te Water holding that they we.ie not required. No ministerial crisis is, however, expected to take place over the matter.

THE death is announced of a well- known and enterprising Frontier farmer I in the person of Mr. George Sutherland, j near Toise River.

MUCH satisfaction has been expressed throughout the country at the news that Sir Henry de Villiers, Chief Justice of the Colony, has been made a Privy I Councillor. May the Right Hon. |Sir Henry de Villiers long live to bear his well-deserved honour.

THE trouble in Dlatabeleland still continues, but as yet no serious engagement is reported beyond that at Um- | guzi, near Bulawayo, where a force I of about 3,000 Matabele were repulsed by 300 men, equally divided between whites, Cape boys, and Natives. Innumerable skirmishes with the enemy are reported in other directions, accompanied by loss of life on both sides. Reinforcements continue to move up, and the disturbances appear to be as far from being put a stop to as ever.

IT is estimated that the Matabele force consists of 11,500 men distributed as follows:—At the Umgaza River 4,000, Shiloh Hills 1,500, Shangani 3,000, Umswani 1,500, Matoppos 1,500.

THE Reform trial was commenced at Pretoria on Friday before Judge Gregorowski and a jury. Advocate Wessels, the leading counsel for the accused, on behalf of Colonel Rhodes and ^Messrs. .Farrar and Phillips, pleaded guilty to the first count; and, on behalf of the remainder, pleaded guilty to *gekiveste majestut,* but without hostile intention against the independence of the Republic. The plea was accepted, and the Court adjourned to Monday to allow the absent accused to attend and plead personally. On this day the trial was resumed and concluded, all the accused were present except Curtis, who is ill and will be tried next criminal session. Hammond pleaded guilty on the first count, and Dr. Sauer and Sampson guilty on the lesser charge. The evidence was unimportant, but a telegram from the Chartered Company, Capetown, to Dr. Jameson at Pitsani was handed in, but not, however, read. Statements signed by the accused were read, in which it was stated they had committed no breach of the law which was not known to the Government at the time. Earnest consideration of their grievances was promised, and they; did all that was humanly possible to protect both the State and Jameson from the consequences of his action. It was their object to avert bloodshed, but at the same time to obtain redress of serious grievances. On Tuesday the Reformers were brought up for sentence. The four leaders, Farrar, Colonel Rhodes, Hammond, and Phillips, were sentenced to death. The others were sentenced to two years' imprisonment, two thousand pounds fine, and banishment for three years. A report was cur rent that, on hearing the sentence Mr. Hammond, who had been delicate in health, dropped dead. The death sentence has since been commuted by the Executive. Great excitement has been the result of the proceedings.

The *Journal* has received information from Capetown to the effect that the election of Mr. Advocate Juta as Speaker is practically certain; and, further, that Mr. Innes has at length intimated his willingness to accept the position of Leader of the Opposition.

OUTRAGEOUS.

UNDOUBTEDLY the most important, news of the week is that of the trial and the sentence of the political prisoners of the Transvaal. The sentences passed by Mr. Justice GREGOROWSKI were so outrageously severe that the initiated at once saw they were pronounced for theatrical effect, as there was not the slightest possibility of giving them practical effect. Little surprise then was shown when the subsequent information came that the sentences were commuted. It is a matter for general regret, however, that the intelligence about the commutation should have been accompanied by a rumour, which turned out to be incorrect, of the tragic death of Mr. J. HAYS HAMMOND, who, it was stated, succumbed to a rude shock to his fragile system, earned by the unwelcome news. No doubt the sentences passed will be widely and earnestly canvassed ; and we are much mistaken if the general opinion is not to the effect that they were outrageous. A fine simply would have served all the requirements of justice. When the Courts of the Boer Republic act in the manner now revealed—sentencing political prisoners to death and inflicting the maximum in fines for political crimes, the mind cannot help going back to the days the Transvaal Boers defied Her Majesty's authority, and shot down British soldiers at Maj uba and Lange Nek. The psople on whom British clemency was so signally and singularly bestowed, should remember the saw about the sauce for the goose; and Mr. KRUGER should be warned that might was not deemed right in his and fellow-reformers' case. If ever there was a ruler who should remember mercy it is OOM PAUL.

THE CAPE PARLIAMENT.

PARLIAMENT meets in Session to-day in Capetown. All eyes are turned towards it, more especially on account of the recent remarkable changes in the political kaleidoscope. That parties are somewhat mixed in a manner more than usual, everybody will tell you so. The assembling of the Legislature will help considerably to show hov far matters have gone, and will, moreover, facilitate the sorting of parties. A* present it is clear that the present Ministry is not quite trusted by the Bond, and that it will be merely tolerated by that body — this, notwithstanding its servility to do Bond behests. But owing to this very fact it has incurred the anger and disgust of the Frontier districts in a way no other Ministry has done before. In these circumstances the lot of the SPRIGG Ministry is not to be envied. It will be a thing to be kicked from pillar to post by a number of hostile factions, and may, at any time, be hurled overboard. We doubt if any but a few weak-kneed folks and broken-backed politicians in and about Port Elizabeth and Grahamstown will be found to commiserate with the Ministry as at present constituted if it is finally turned out unwept, unhonoured, and unsung. To take their place Mr. RHODES or Mr. INNES seem to be the favourites; and perhaps Mr. INNES, even more than Mr. RHODES just now. We believe that either is in a position to muster a proportion of the members of the Legislature—always uct counting the Bond -sufficient to enable him to form a strong and stable Government, broadbased on the affections and confidence of the majority of the constituencies. It merely is a question whether Mr. INNES's courage will come up to the sticking point at this, the psychological, moment in his political career. He has now the Frontier behind him, organised into a powerful and promising League, in a way that he has never had it before. Not only will he be backed by the quondam Opposition, well disciplined and unbroken in the main, but he will have such accessions as Mr. RHODES, Captain BRABANT, and the class of representatives of whom those politicans may be taken as types The Bond may go against him, perhaps, but that party isolated is but a minority in the House and in the country. Will Mr. RHODES and Mr. INNES come up and be equal to the occasion ? That is the question at the present time. The rest is mere make-believe.

NATIVES' PROPERTY.

A MEASURE of a beneficent character is just now passing through the Natal Legislature, the object of which is to benefit a certain section of tho Natives in that Colony. We give our readers the report of the discussion on it, which seems to us a typical one. From the speech of the Hon. the Secretary for Native Affairs (Mr. MOOR), it will be seen that the people interested were summened to a conference with the hon. gentleman, v hen the terms of the measure were discussed and settled upon after mutual consultation. How unlike the course pursued in regard to tho Glen Grey Bill I It is not a common thing, moreover, to find a South African Legislature engaged in passing a measure carefully calculated to be of advantage to our people as such ; and the Natal Parliament deserves credit for what it is doing in this matter, which, for our part, we duly concede.

Mr. TATHAM moved the second reading of the Native Associations Property Bill. This measure passed its second reading last Session, and was prepared by Mr. JUSTICE MASON, whose knowledge and experience of this question was probably greater than that of anyone else in the Colony. Numbers of Natives banded together for the purpose of acquiring farms, but the individual shares had never been properly defined, because the contributions had been unequal. Farms had been purchased on the long system of payment, and consequently some persons had died, others had gone away and sold their shares to others—making it difficult to ascertain the right proportion due to each ; and it was the object of this Bill to remedy this state of affairs by arbitration—if the Natives wished.

Mr. RYLEY thought the Natives who purchased land ought to be thankful for this Bill. He had heard of a case where 200 Natives in company purchased 8,00 acres, which would cause a great deal of trouble and litigation.

The Secretary for Native Affairs believed this Bill was an honest attempt to meet a difficulty. He and Mr. JUSTICE MASON had had long talks over this matter, and tried to work out a scheme, of which this Bill was the outcome. He had requested a deputation of Natives to come down to the office and have the Bill explained to them, so that they might get their views upon it, and the result should be useful to the House as well as to themselves. He was glad the hon. member had brought tins Bill before the House, and trusted that before it passed into committee he would be able to give the result of the conference referred to. He honed the Natives would accept the Bill, as otherwise the estates would be eaten up by legal expenses.

The Bill was read a second time.

SEATS IN THE HOUSE.

